

عز الصلاة  
حج

# OUR NAMAAZ

## UMTHANDAZO WETHU

Inguqulelo yesiXhosa

By

*Hazrat Moulana Muhammed Farouq rahimahullah*

*Translated into Xhosa by*

*Moulana Muhsin Mbotoli*

Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Umthandazo Wethu).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2021

ISBN:

978-0-620-96193-6 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:

<http://alhidayah.co.za/umthandazo-wethu/>

*Ipapashwe yi:*

**Al Hidayah Centre**, Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent

Salsoneville, Port Elizabeth

Telephone: 041 492 2773

Whatsapp: 041 492 2773 | <https://wa.me/27414922773>

Email: [info@alhidayah.co.za](mailto:info@alhidayah.co.za)

[www.alhidayah.co.za](http://www.alhidayah.co.za)

# Contents

IZIVAKALISI EZINTANDATHU ZOKOMNKELA INKOLO YE ISLAM .....	1
UKUBALULEKA NOKUNYANZELEKA KOMTHANDAZO .....	6
INQANABA LOMTHANDAZO NGOKOLUVO LWEE ULAMA EZINKULU ZENKOLO.....	6
IINKCAZELO MAGAMA EZIBALULEKILEYO .....	7
ISTINJAA .....	9
GHUSL (UKUHLAMBA UMZIMBA) .....	10
IWUZU .....	11
TAYAMMUM .....	14
I AZAAN NE IQAAMAT .....	15
IDUA EMVA KWE AZAAN .....	18
AMAXESHA EMITHANDAZO EMIHLANU YAYONKE IMIHLA .....	19
IZINTO EZILUNYANZELO ZOMTHANDAZO .....	20
SHARAAIT ZOMTHANDAZO.....	20
ARKAAN ZOMTHANDAZO .....	20
IZINTO EZIWAAJIB EMTHANDAZWENI.....	21
IISUNNAT ZOMTHANDAZO .....	22
IZINTO EZIMUSTAHAB EMTHANDAZWENI .....	26
IZINTO EZOPHULA UMTHANDAZO .....	26
IZINTO EZINGATHANDEKIYO (MAKROOH) EMTHANDAZWENI .....	27
SAJDA SAHWU.....	29
SAJDA TILAAWAT .....	30
IINDLELA ZOKUFUNDA IKURANI ENGCWELE .....	30
INDLELA YOKUZIPHATHA EMASJID NOKWENZA IMIGCA .....	32
IIRAKAAT ZOMTHANDAZO .....	36
INDLELA YOKUTHANDAZA .....	37
THANAA.....	39

TA-OWWUZ .....	39
TASMIYA.....	40
SURA FATIHA .....	40
SURAH IKHLAAS .....	41
ITASBIEH YERUKU .....	41
TASMEE .....	42
TAHMIED .....	42
ITASBIEH YESIJDA .....	42
AT-TAHYI-YATU.....	43
DUROOD IBRAHIEM.....	44
DUA.....	45
SALAAM .....	45
IZINTO EZENZIWA EMVA KOMTHANDAZO .....	45
AYATUL KURSI.....	47
UMTHANDAZO WEWITR.....	48
IIMEKO UMTHANDAZO WEJUMA OXHOMEKEKE KUZO .....	51
UMTHANDAZO WETARAWEEH.....	53
UMTHANDAZO WE-EID .....	54
IISUNNAT NGEMINI YE-EID .....	54
INDLELA YOKUTHANDAZA IMITHANDAZO YEE-EID ZOMBINI .....	56
TAKBEER TASHREEQ.....	56
UMTHANDAZO NILIBANDLA .....	57
UMTHANDAZO WOMNGCWABO.....	58
INDLELA YOKUTHANDAZA IJANAAZAH NAMAAS.....	58
UMTHANDAZO WOKUNGCWABA ISIDUMBU SINGEKHO .....	61
NAFL NAMAAS.....	61
UMTHANDAZO WETAHAJJUD .....	61
ISHRAAQ NAMAAS.....	62

CHASHT NAMA AZ ..... 63

SUNAN ZAWAAL..... 63

OWWABEEN NAMA AZ ..... 64

TAHIYYATUL WUZU ..... 64

TAHIYYATUL MASJID ..... 64

TAUBAH NAMA AZ..... 65

NAMA AZ HAAJAT ..... 65

ISTIKHAARA NAMA AZ..... 67

SALAATUT-TASBEEH ..... 68

ISTISQAA NAMA AZ ..... 69

UMTHANDAZO XA KUKHO UMNYAMA WELANGA ..... 70

UMTHANDAZO XA KUKHO UMNYAMA WENYANGA..... 70

NAMA AZ YOMHAMB I (MUSA AFIR)..... 70

UMTHANDAZO WOMNTU OGULAYO ..... 71

UMTHANDAZO WE QADHAA ..... 72

SAAHIB-E-TARTEEB ..... 73

UMAHLUKO PHAKATHI KOMTHANDAZO WAMADODA NAMABHINQA .... 74

SAYYIDUL-ISTIGHFAAR ..... 75

QUNOOT-E-NAAZILA..... 76

EZINYE ZEEDUA EZILUNCEDO KWAYE EZIYI SUNNAH..... 79

**IZIVAKALISI EZINTANDATHU ZOKOMNKELA  
INKOLO YE ISLAM  
(THE SIX KALIMAS OF ISLAM)**

**1) KALIMA TAYYIB**

لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ مُحَمَّدٌ رَّسُولُ اللَّهِ

LAA ILAAHA ILLALLAHU MUHAMMADUR RASOOLULLAH

*Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah,  
Muhammad sisithunywa sika Allah*

**2) KALIMA SHAHAADAT**

أَشْهَدُ أَنْ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَأَشْهَدُ أَنَّ مُحَمَّدًا عَبْدُهُ وَرَسُولُهُ

ASH HADU ALLAA ILAAHA ILLALLAAHU WAHDAHU LAA  
SHARIEKA LAHOO WA ASH HADU ANNA MUHAMMADAN  
ABDUHU WARASOOLUHU

*Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle  
kuka Allah. Nguye yedwa akanamahlakani, kwaye ndiyangqina ukuba  
uMuhammad (sallallahu alayhi wasallam) sisicaka nomthunywa ka  
Allah.*

### 3) KALIMA TAMJEED

سُبْحَانَ اللَّهِ وَالْحَمْدُ لِلَّهِ وَلَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَاللَّهُ أَكْبَرُ ،  
وَلَا حَوْلَ وَلَا قُوَّةَ إِلَّا بِاللَّهِ الْعَلِيِّ الْعَظِيمِ

SUB HAANALLAAHI WAL HAMDU LILLAABI WALAA  
ILAAHA ILLALLAAHU WALLAAHU AKBAR WALAA HOWLA  
WALAA QUWWATA ILLA BILLAAHIL ALIYYIL AZHEEM

*Uzuko neendumiso zonke mazibe ku Allah kwaye akukho namnye ofanelwe ukukhkonzwa ngaphandle kuka Allah kwaye u Allah nguye omkhulu kwinto yonke. Akukho mandla nabungangamsha ngaphandle kuka Allah ophakamileyo nongcwele*

### 4) KALIMA TAUHEED

لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَحْدَهُ لَا شَرِيكَ لَهُ ، لَهُ الْمُلْكُ وَلَهُ  
الْحَمْدُ ، يُحْيِي وَيُمِيتُ ، وَهُوَ حَيٌّ لَا يَمُوتُ ، وَهُوَ  
عَلَى كُلِّ شَيْءٍ قَدِيرٌ

LAA ILAAHA ILLALLAAHU WAH DAHOO LAA SHARIEKA  
LAHOO WALAHUL HAMDU YUHYIE WAYUMIETU WAHUWA  
HAYYUN LAA YAMOOTU BIYADIHIL KHAYR WAHUWA  
ALAA KULLI SHAY IN QADIER

*Akukho namnye ofanelwe ukukhkonzwa ngaphandle kuka Allah nguye yedwa akanamahlakani ubukumnkani bobakhe kwaye zonke iindumiso*

*zezakhe nguye onika ubomu nokufa yena uyaphila asokuze afe,  
ezandleni zakhe kokulungileyo kodwa kwaye unamandla phezu kwento  
yonke*

## 5) KALIMA YE ISTIGHFAAR

أَسْتَغْفِرُ اللَّهَ رَبِّي مِنْ كُلِّ ذَنْبٍ أَدْنَبْتُهُ عَمَدًا أَوْ حَطًّا  
سِرًّا أَوْ عَلَانِيَةً ، وَأَتُوبُ إِلَيْكَ مِنَ الذَّنْبِ الَّذِي لَا  
أَعْلَمُ ، إِنَّكَ أَنْتَ عَلَّامُ الْغُيُوبِ ، وَسَتَّارُ الْعُيُوبِ ،  
وَعَقَّارُ الذُّنُوبِ ، وَلَا حَوْلَ وَلَا قُوَّةَ إِلَّا بِاللَّهِ الْعَلِيِّ  
الْعَظِيمِ

ASTAGHFIRULLAAHA RABBIE MIN KULLI ZHAMBIN AZH  
NABTUHOO AMADAN OW KHATA AN SIRRAN OW  
ALAANIYYATAN WA ATOOBU ILAYHI MINAZH ZHAMBIL  
LAZIE A'LAMU WAMINALLAZIE LA A'LAMU INNAKA  
ANTA ALLAAMUL GHUYOOB WASATTAARUL UYOOB  
WAGHAFFAARUZH ZHUNOOB WALAA HOWLA WALAA  
QUWWATA ILLAA BILLAAHIL ALIYYIL AZHEEM

*Ndicela ukuxolelwa ngu Allah umdali wam kuzo zonke izono zam  
endithe ndazenza ngenjongo okanye ngempazamo, emfihlakalweni  
okanye elubala.kwaye ndiyazisola kuwe ngezono endizaziyo nezo  
ndingazaziyo. Ngaphandle kwamathandabuzo wena ungumazi  
wokufihlakeleyo umxoleli wezono nomgqumi wezono, akukho mandla  
nabungangamsha ngaphandle kuka Allah ongcwele*



6) KALIMA RADDE KUFR

اللَّهُمَّ إِنِّي أَعُوذُ بِكَ مِنْ أَنْ أُشْرِكَ بِكَ شَيْئاً وَأَنَا أَعْلَمُ  
 بِهِ ، وَأَسْتَغْفِرُكَ لِمَا لَا أَعْلَمُ بِهِ ، ثُبْتُ عَنْهُ وَتَبَرَّئْتُ  
 مِنَ الْكُفْرِ وَالشِّرْكِ وَالْكَذِبِ وَالْغَيْبَةِ وَالْبِدْعَةِ وَالنَّمِيمَةِ  
 وَالْفَوَاحِشِ وَالْبُهْتَانِ وَالْمَعَاصِي كُلِّهَا ، وَأَسَلَمْتُ  
 وَأَقُولُ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ مُحَمَّدٌ رَسُولُ اللَّهِ

ALLAHUMMA INNIE AOOZHU BIKA MIN -AN USH-RIKA  
 BIKA SHAY-OW WA ANA A'LAMU BIHIE WA  
 ASTAGHFIRUKA LIMAA LAA A'LAMU BIHIE TUBTU AN-HU  
 WATABARRA'TU MINAL KUFR WASH SHIRKI WAL KIZHBI  
 WAL GHEEBATI WAL BID'ATI WAN-NAMEEMATI WAL-  
 FAWAAHISHI WAL BUH-TAANI WAL -MA-AASIE KULLIHA  
 WA-ASLAMTU WA AQOOLU LAA ILAAHA ILLALLAAHU  
 MUHAMMADUR RASOOLULLAH

*Owu Allah ndicela ukuba undikhusele ekudibaniseleni amahlakani  
 nawe ndisazi, kwaye ndicela ukuba uzixolele izono zam  
 endingaziqondanga. Ndiguqukile ezonweni zam kwaye ndiyazikhwebula  
 kwikufu, ubuxoki, ukuhleba, ukuza nezinto ezintsha enkolweni,  
 ukuthutha indaba nakuzo zonke iintlobo zezono kwaye ndiyangqina  
 ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah  
 uMuhammad sallallahu alayhi wasallam ngumthunywa ka Allah*

7) IMAAN MUJMAL

أَمَنْتُ بِاللَّهِ كَمَا هُوَ بِأَسْمَائِهِ وَصِفَاتِهِ وَقَبِلْتُ جَمِيعَ  
أَحْكَامِهِ (إِقْرَارُ بِاللِّسَانِ وَتَصَدِيقٌ بِالْقَلْبِ)

AMMAN-TU BILLAA HI KAMAA HUWA BI-ASM AA-IHIE WASI  
FAA TIHI WAQABILTU JAMEE-A AHKAA MIHIE (IQRAARUM  
BIL LISAAN WATASDEEQUM BIL QALBI)

*Ndiyakholelwa ku Allah njengokuba enjalo, emagameni nakwi i  
ikhwaliti zakhe kwaye ndiyayomnkela yonke i mithetho yakhe*

8) IMAAN MUFASSAL

أَمَنْتُ بِاللَّهِ وَمَلَائِكَتِهِ وَكُتُبِهِ وَرُسُلِهِ وَالْيَوْمِ الْآخِرِ وَالْقَدْرِ  
حَيْرِهِ وَشَرِّهِ مِنَ اللَّهِ تَعَالَى وَالْبَعْثِ بَعْدَ الْمَوْتِ

AAMANTU BILL AHI WAMALAA-IKA TIHIE WAKUTUBIHIE  
WARUSULIHIE WAL-YOW-MIL AAKHIRI WAL-QADRI  
KHAYRIHI WASHAR-RIHI MINALLAHI TA'ALA WAL BA'TH  
BA'DAL MOWT

*Ndiyakholelwa ku Allah, iingelosi zakhe, izibhalo zakhe, abathunywa  
bakhe, usuku lokugqibela kunye nesigqibo sokugqibela esihle nesibi  
sivela ku Allah novuko emva kokufa.*

## UKUBALULEKA NOKUNYANZELEKA KOMTHANDAZO

إِنَّ الصَّلَاةَ كَانَتْ عَلَيِ الْمُؤْمِنِينَ كِتَابًا مَّوْقُوتًا

INNAS SALAATA KAAANAT ALAL MU'MINEENA KITAABAM  
MOWQOOTAA

*Ngokuqinisekileyo umthandazo wenziwe walunyanzelo kumakholwa  
ngamaxesha aqingqiweyo.*

Umthandazo yintsika yenkolo, nawuphi lowo uthandazayo uqinisa inkolo, ukuze lowo ungathandaziyo abe utshabalalisa inkolo. (*Mishkaat*)

## INQANABA LOMTHANDAZO NGOKOLUVO LWEE ULAMA EZINKULU ZENKOLO

Ngokoluvo lukaHazrat Umar, Hazrat Ibni Masud, Hazrat Ibni Abbas radhiallahu anhum kunye namanye amaSahaba kuquka no Imaam Ahmed bin Hambal rahimahullah ukungathandazi ngaphandle kwesizathu luphawu lokungakholwa (kufr). (*Targheeb*)

Ngokoluvo luka Imaam Malik rahimahullah lowo uthi angathandazi ngaphandle kwesizathu kulunyanzelo ukuba abulawe. Yena u Imaam Abu Hanifa rahimahullah uthi umntu ongathandaziyo kufuneka avalelwe entolongweni kwaye abethwe kanobom kuphume igazi, aguquke kweso senzo okanye ade afe. (*Durre-Mukhtaar*)

Hazrat Abdul Qadir Jeelani rahimahullah umthabatha lowo njengomntu oyilahlileyo inkolo ye Islam. Xa eswelekile ijanaaza salaata akazoyenzelwa kwaye engazongcwatyelwa emangwabeni amaMuslim,

koko umzimba wakhe ufanelwe ukuphoswa nje emngxunyweni.  
(Ghunyah)

## IINKCAZELO MAGAMA EZIBALULEKILEYO

**IMITHETHO KA ALLAH YOHLULWE  
YANGALAMANQANABA ALANDELAYO ASIBHOZO:**

<b>FARAZ</b>	<b>WAJIB</b>	<b>SUNNAT</b>	<b>MUSTAHABB</b>
<b>HARAAM</b>	<b>MAKROOH TAHREEMI</b>	<b>MAKROOH TANZEEHI</b>	<b>MUBAAH</b>

### **FARAZ:**

Umthetho osekelezelwe kwi *Daleel-e-Qat'ee* (umthetho osekelezelwe kubungqina obungenamathandabuzo). Lowo uthi awukhabe umthetho onjalo uyaphuma kwinkolo ye Islam, ukuze lowo ungawuhoyiyo lo mthetho afanelwe kukohlwaywa.

### **IINDIDI ZEFARZ ZIMBINI:**

#### **FARAZ-E-AIN:**

Umthetho olunyanzelo kumntu wonke.

#### **FARAZ-E-KIFAYA:**

Ngumthetho apho ukuba igcuntswana liwenziile uxanduva lokuwenza liyasuka kwabanye, kodwa ukuba akukho mntu uwenzileyo bonke bayakufumana isono.

**WAJIB:**

Ngumthetho olunyanzelo kodwa wona usekelezelwe kubungqina obukwinqanaba elingezantsi kuneli lingentla. Umntu owalayo lo mthetho akaphumi kwinkolo ye Islam, kodwa umntu othi angawukhathaleli ufanelwe kukohlwaywa.

**SUNNAT-E-MUAKKADAH:**

Nasiphi isenzo sika Rasulullah sallallahu alayhi wasallam awayesenza rhoqo okanye wayalela abanye ukuba basenze kwaye azange afane asishiye ngaphandle kwesizathu. Nawuphi othi angawukhathaleli lo mthetho ngaphandle kwesizathu ufumana isono.

**SUNNAT GHAIR MUAKKADAH:**

Nasiphi isenzo sika - Rasulullah sallallahu alayhi wasallam awayesenza amaxesha amaninzi, kodwa angasenzi ngamanye amaxesha. Ukungayenzi iSunnah enjalo akusosono nasekubeni ekuyenzeni umntu ufumana umvuzo ongaphezulu kunokwenza iMustahab.

**MUSTAHABB OKANYE NAFL:**

Sisenzo apho umntu xa athe wasenza afumane umvuzo ukuze xa ethe akasenza angafumani sono.

**HARAAM:**

Ngumthetho ubungqina bawo obusekelezelwe kwi *Daleel-e-Qat'ee*. Lowo uthi awuphikise okanye awukhabe umthetho onjalo uthathwa njengomhedeni ukuze lowo ungawenziyo athathwe njengesaphuli mthetho kwaye ufanelwe kukohlwaywa.

**MAKROOH TAHREEMI:**

Ngumthetho ubungqina bawo obusekelezelwe kwi *Daleel-e-Zhanni*. Umntu othi awukhabe lo mthetho akathathwa njengomhedeni kodwa

lowo ungawenziyo ngaphandle kwesizathu esomnkelekileyo uthathwa njengesaphuli mthetho kwaye ufanelwe kukohlwaywa.

**MAKROOH TANZEEHI:**

Sisenzo apho xa usenzile akufumani sohlwayo nasekubeni kungathandeki ukuba senziwe. Lowo uthi angasenzi isenzo esinjalo uyavuzwa.

**MUBAAH:**

Sisenzo othi xa usenzile ungafumani mvuzo kanti xa ungasenzanga ungafumani kohlwaywa.

**ISTINJAA**

(Ukuhlamba ilungu okanye amalungu angasese emva kokuzithuma)

Xa uvuka ebuthongweni akufuneki uzifake izandla emanzini phambi kokuba uhlambe izandla uyokutsho esihlahleni, kukho ukungcola okanye kungekho. (*Durre-Mukhtaar*)

**INDLELA YOKWENZA ISTINJAA**

Ukuba kukho imfuneko yokwenza istinjaa phambi kokwenza iwuzu, kufuneka wenze ngoluhlobo; Sebenzisa amagada okanye itoilet paper ukufunxa amathontsi omchamo. Emva koko uhlambe amalungu angasese ngamanzi. Emva kokusebenzisa ilungu langasese langasemva osula ngamagada amathathu okanye itoilet paper emva koko uhlambe ngamanzi.

## **GHUSL (UKUHLAMBA UMZIMBA)**

### **Zintathu ifarz kwichusl:**

- 1) Ukurharhaza umlomo wonke.
- 2) Ukuphosa amanzi ezimpumlweni kakuhle.
- 3) Ukuhlamba umzimba wonke.

### **Izinto eziyisunnat kwichusl zintlanu:**

- 1) Ukuhlamba izandla uyokutsho esihlahleni
- 2) Ukwenza istinjaa kwaye uhlambe ukungcola okukhoyo emzimbeni (ukuba kukhona).
- 3) Ukuhlamba unenjongo yokususa ukungcola.
- 4) Ukwenza iwuzu yonke.
- 5) Ukugalela amanzi emzimbeni wonke kathathu.

## **INDLELA YOKWENZA IGHUSL**

Kuqala uhlamba izandla uyokutsho esihlahleni. Emva koko wenze istinjaa kwaye uhlambe ukungcola ukuba kukhona emzimbeni, yenza iwuzu. Galela amanzi amancinane emzimbeni wonke uwahlkihle esikhumbeni, emva koko ugalele amanzi emzimbeni wonke kathathu.

## IWUZU

Kwi wuzu kukho izinto eziyimfuneko okuthi ngaphandle kwazo ingomnkelek iwuzu. Ezo zinto zibizwa ngokuba faraz. Ezinye izinto ezingabangeli ukuba iwuzu ingomnkeleki zona ukuba ukuba uzishiyile iwuzu iyomnkeleka kodwa intsikelelo azifumaneki, ezo izinto zibizwa ngokuba ziyi sunnat. Ezinye izinto kwi wuzu xa zenziwe ziza nomvuzo omkhulu kanti xa zingenziwanga kungabikho ngxaki, ezo izinto zibizwa ngokuba zi mustahabb.

### IZINTO EZI FARZ KWI WUZU

#### **Zine izinto ezifarz kwi wuzu:**

- 1) Ukuhlamba ubuso ukusuka ekuqaleni kwebunzi uyokutsho ezantsi kwesilevu nokusuka kwenye indlebe uyokutsho kwenye.
- 2) Ukuhlamba ingalo kuquka nengqiniba kube kanye.
- 3) Ukwenza imasah yekota yentloko ubuncinane.
- 4) Ukuhlamba iinyawo zombini kuquka amaqatha kube kanye.

### IZINTO EZIYI SUNNAT KWIWUZU

#### **Zilishumi elinesithathu izinto eziyi sunnat kwi wuzu:**

- 1) Ukwenza iniyyat.
- 2) Ukufunda Bismillah (xa uqala iwuzu).
- 3) Ukuqala uhlambe izandla zombini uyokutsho esihlahleni kathathu.
- 4) Ukuxukuxa usebenzisa imiswaak.



- 5) Ukuhlamba umlomo kathathu.
- 6) Ukuphosa amanzi emathatheni empumlo kathathu.
- 7) Khilaal yendevu (kotata abanazo).
- 8) Khilaal yeminwe neenzwane.
- 9) Ukuhlamba ilungu ngalinye kulawo ahlanjwayo kathathu.
- 10) Ukwenza imasah yentloko yonke. (Ukugqithisa izandla ezimanzi entloko)
- 11) Imasah yeedlebe zombini.
- 12) Tarteeb - Ukuhlamba amalungu onke ngokulandelelana.
- 13) Ukuhlamba ngokukhawulezisa.

## **IZINTO EZI MUSTAHABB KWI WUZU**

### **Zintlanu izinto ezi mustahabb kwi wuzu:**

- 1) Ukuqala ngasekunene rhoqo.
- 2) Ukwenza imasah yentamo.
- 3) Ukwenza iwuzu ngaphandle kokuncediswa.
- 4) Ukujonga ngase Qibla xa usenza iwuzu.
- 5) Ukuchopha kwindawo ephakamileyo xa usenza iwuzu.

## **INDLELA YOKWENZA IWUZU**

Kuqala hlamba izandla zozibini kubekathathu uyokutsho esihlahleni, xukuxa umlomo usebenzisa imiswaak. Ukuba akunayo imiswaak sebenzisa umnwe ukuhlikihla amazinyo. Phosa amanzi ezimpumlweni

uzicoce. Vasa ubuso ukusuka ekuqaleni kwebunzi uyokutsho ezantsi kwesilevu nokusuka kwenye indlebe uyokutsho kwenye. Wagalele amanzi ebusweni ngohlobo lokuba angatshizi indawo yonke. Ngoku hlamba ingalo zombini ziquka nengqiniba kathathu. Emva koko galela amanzi ezandleni uphinde uwachithe ugqithise ezo zandla zimanzi entloko nase zindlebeni usebenzisa izandla zozibini, emva koko uhlambe iinyawo zombini uyokutsho emaqatheni kathathu, uqale ngasekunene kulandele ngasekhohlo. Emva kokugqiba ukwenza iwuzu funda le Dua ilandelayo:

أَشْهَدُ أَنْ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَحْدَهُ لَا شَرِيكَ لَهُ وَأَشْهَدُ أَنَّ  
 مُحَمَّدًا عَبْدُهُ وَرَسُولُهُ ، اللَّهُمَّ اجْعَلْنِي مِنَ التَّوَّابِينَ  
 وَاجْعَلْنِي مِنَ الْمُتَطَهِّرِينَ

ASH-HADU ALLAA ILAAHA ILLAL-LAHU WAH-DAHU LAA  
 SHARIEKA LAHU WA-ASH-HADU AN-NA MUHAMMADAN  
 AB-DUHU WARASOOLUHU ALLAHUMMA J-ALNIE MINAT-  
 TOWWAABIENA WAJ-ALNIE MINAL MUTATAH-HIRIENA

*Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah, mnye akanamahlakani. Kwaye ndiyangqina ukuba umuhammad sisicaka nomthunywa ka Allah. Ndenze ndibeyi nxalenye yabo baguqukileyo kakhulu kwaye undenze omnye wabo bahlambulikileyo kakhulu.*

## **IZINTO EZOPHULA IWUZU**

- 1) Ukuphuma komchamo, ilindle okanye nayiphi into ephuma kulo malungu angasese.
- 2) Ukuthsula.
- 3) Ukopha okanye ukuqengqeleka kobofu.
- 4) Ukukhupha umlomo ogcweleyo.
- 5) Ukulala unqengqile okanye unqiyamile entweni.
- 6) Ukumnkelwa zingqondo ngenxa yokugula okanye esinye isizathu.
- 7) Ukuphambana.
- 8) Ukuhleka kakhulu emthandazweni.

## **TAYAMMUM**

### **INDLELA YOKWENZA ITAYAMMUM**

Ukungafumani amanzi umgama ongange mayile enye ye Sharia okanye umntu uqinisekile ukuba xa ethe wenza iwuzu okanye ighusl ukugula kuzakukhula, kengoko lo mntu uyalelwa ukuba enze iTayammum endaweni yewuzu okanye ighusl. Indlela yokwenza itayammum kwi wuzu nakwi ghusl:

- 1) Kuqala yenza iniyyat yokuba ndenza itayammum khona ukuze ndifumane ukucoceka.beka izandla zozibini phantsi kumhlaba ococekileyo gudla ubuso kube kanye.
- 2) Beka izandla emhlabeni ococekileyo ugudle iingalo uyokutsho ezingqinibeni kube kanye.

## IZINTO EZILUNYANZELO KWI TAYAMMUM

- 1) Ukwenza iniyyat.
- 2) Ukugudla izandla zozibini ebusweni bonke kube kanye, emva kokuzibeka emhlabeni.
- 3) Ukugudla izandla zozibini ezingalweni zombini kube kanye uyokutsho ezingqinibeni emva kokuzibeka emhlabeni.

## I AZAAN NE IQAAMAT

Amagama e azaan ne iqaaamat aloluhlobo lulandelayo:

اللَّهُ أَكْبَرُ

ALLAHU AKBAR

Allah nguye omkhulu (yitsho kube kane)

أَشْهَدُ أَنْ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ

ASH –HADU AL-LAA ILAAHA ILLAL-LAAHU

Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah (kabini)

أَشْهَدُ أَنْ مُحَمَّدًا رَسُولُ اللَّهِ

ASH-HADU ANNA MUHAMMADAR RASOOLULLAH

Ndiyangqina ukuba ngokuqinisekileyo uMuhammad nguMthunywa ka  
Allah (kabini)

حَيَّ عَلَى الصَّلَاةِ

HAY-YA ALAS –SALAAH

Iza emthandazweni (kabini)

حَيَّ عَلَى الْفَلَاحِ

HAY-YA ALAL FALAAH

Iza empumelelweni (kabini)

اللَّهُ أَكْبَرُ

ALLAHU AKBAR

Allah nguye omkhulu (kabini)

لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ

LAA ILAAHA IL-LALLAH

Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle (kuba kanye)

Kwi azaan ye fajr emva ko HAY-YA ALAL FALAH wongeza  
ezizivakalisi zilandelayo (kabini)

# الصَّلَاةُ خَيْرٌ مِّنَ النَّوْمِ

ASSALAATU KHAYRUMMINAN-NOWM

Ngokuqinisekileyo umthandazo uqalisile

Kwi Iqamah ko HAY-YA ALAL FALAH wongeza ezizivakalisi zilandelayo (kabini):

# قَدْ قَامَتِ الصَّلَاةُ

QAD QAAMATIS SALAAH

## UKUPHENDULA I-AZAAAN NE-IQAAMAT

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uthi aphendule kwi-azaan ngokuqinisekileyo uyakulingena izulu. (Nasaai) Ukuphendula I azaan okanye I qaamat kwenziwa ngokuthi lowo umameleyo awaphinde awabize lo magama abizwa yi Muazzin (lo mntu wenza I azaan) okanye iMukabbir (lowo wenza i- iqaamat). Kodwa apho kuthiwa hayya alal falaah na hayya alas salaah umntu omameleyo uphendula ngala magama alandelayo:

# لَا حَوْلَ وَلَا قُوَّةَ إِلَّا بِاللَّهِ

LAA HOWLA WALAA QUWWATA ILLAA BILLAH

Akukho mandla nabungangamsha ngaphandle kuka Allah

Xa uphendula ku ASSALAATU KHAYRUMMINAN-NOWM Uthi:

صَدَقْتَ وَبَرَزْتَ

SADAQTA WABARARTA

Uyithethile inyaniso kwaye wenze okuhle

Impendulo ku QAD QAAMATIS-SALAAH Ithi:

أَقَامَهَا اللَّهُ وَأَدَامَهَا

AQAAMA HALLAHU WA ADAAMAHAHA

Inga u-Allah angawumisa lo mthandazo kwaye awenze uqhubekeke

**IDUA EMVA KWE AZAAN**

اللَّهُمَّ رَبَّ هَذِهِ الدَّعْوَةِ التَّامَّةِ ، وَالصَّلَاةِ الْقَائِمَةِ ، أَيْ  
مُحَمَّدًا ، الْوَسِيلَةَ وَالْفَضِيلَةَ وَابْعَثْهُ مَقَامًا مَحْمُودًا ، الَّذِي  
وَعَدْتَهُ ، إِنَّكَ لَا تُخْلِفُ الْمِيعَادَ

ALLAHUMMA RABBA HAAZID DA'WATIT- TAAMMAT  
WASSALAATIL QAA-IMATI AATI MUHAMMADANIL  
WASEELATA WAL FADEELATA WAB ATH-HU MAQAAMAM  
MAHMOODANIL -LAZIE WA-ATTAHU INNAKA LAA  
TUKHLIFUL MIE-AAD

*Owu Allah Nkosi yesisimezo sigqibeleleyo nalo mthandazo uzakuthandazwa. Nika u Muhammad (sallallahu alayhi wasallam) ukuba abengumthetheleli newonga kwaye umphakamisele kwiMaqaam –e-Mahmood omthembise yona. Ngokuqisekileyo akusophuli isithembiso.*

## **AMAXESHA EMITHANDAZO EMIHLANU YAYONKE IMIHLA**

**FAJR SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa ekuseni phambi kokuphuma kwelanga.

**ZUHR SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa kwisiqingatha sesihlanu semini.

**ASR SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa kwisiqingatha sesibhozo semini.

**MAGHRIB SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa ngoko nangoko ukutshona kwelanga.

**ESHA SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa malunga neyure enye enemizuzu engamashumi amane anesihlanu emva kokutshona kwelanga.

**TAHAJJUD SALAAH:** Ngumthandazo othandazwa kwiyure enemizuzu engamashumi amane anesihlanu phambi kokuphuma kwelanga.



## **IZINTO EZILUNYANZELO ZOMTHANDAZO**

Izinto ezisixhenxe zomthandazo phambi kokuqala ukuthandaza zibizwa ngokuba ziSharaait zomthandazo, ukuze ezisixhenxe zibe lunyanzelo ngelixesha uthandaza, zona zibizwa ngokuba zi-Arkaan zomthandazo.

### **SHARAAIT ZOMTHANDAZO**

- 1) Ukucoceka komzimba kubumdaka.
- 2) Ukucoceka kwempahla kubumdaka.
- 3) Ukucoceka kwendawo yokuthandazela.
- 4) Ukugquma isatar (indawo ekufuneka zigqunyiwe ngalo lonke ixesha uzakuthandaza)
- 5) Ukuthandaza umthandzo ngexesha lawo elifanelekileyo.
- 6) Ukujonga ngase Qibla.
- 7) Ukuba nenjongo yokuthandaza.

### **ARKAAN ZOMTHANDAZO**

- 1) Takbeer-e-Tahreema (ukuthi Allahu Akbar).
- 2) Qiyaam - ukuthandaza umile (apho kufuneka umile).
- 3) Qiraat - ukufunda iivesi ze Quraan.
- 4) Ruku - ukugoba (apho kufuneka ugobe khona).
- 5) Ukwenza iiSujood ezimbini (ukuqubuda kabini).
- 6) Qa'dah Akheera - ukuhlala phantsi ekupheleni komthandazo isithuba esingangokufunda u-Atta-hiy-yatu.
- 7) Ukuphuma emthandazweni ngokuzithandela.

## **IZINTO EZIWAAJIB EMTHANDAZWENI**

- 1) Ukuqala umthandazo ngegama u-Allahu Akbar.
- 2) Ukufunda Iquran engcwele kwiiRakaat ezimbini zokuqala zemithandazo eFardh.
- 3) Ukufunda iSura Faatiha kwiiRakaat ezimbini zokuqala kwimithandazo eFardh nakwi rakaat nganye yeminye imithandazo ngaphandle kwerakaat yesithathu neyesine yomthandazo ofardh.
- 4) Ukudibanisa iSurah noSurah Faatiha okanye ivesi ende okanye iivesi ezintathu ezincinane kwirakaat yomthandazo ngamnye, ngaphandle kweerakaat ezimbini zokugqibela zomthandazo oFardh.
- 5) Ukufunda uSurah Faatiha kunye nenye Isurah ngokulandelelana (ithetha ukuthi uqale ufunde uSurah Faatiha, emva kwakhe ufunde enye iSurah).
- 6) Ukuthandaza ngokukhululekileyo.
- 7) Kwi Qowma (ukuma nqo emva kweruku phambi kokwenza isujood) ukuma ngoku khululekileyo.
- 8) Ukuhlala ngokukhululekileyo kwi jalsa (ukuchopha okuphakathi kwee sijda zombini).
- 9) Ukwenza izinto zomthandazo ngokulandelelana kwazo.
- 10) Ukucinezela ngempumlo nebunzi ngamandla xa ukwi Sajda.
- 11) Ukuhlala phantsi kwiQadah yokuqala.
- 12) Ukufunda u-At-tahiy-yatu kwi Qadah yokuqala nakwi Qadah yesibini.
- 13) Ukuphakamela iRakaat yesithathu ngoko nangoko wakugqiba u-At-tahiy-yatu kwi-Qa'dah yokuqala.
- 14) Ukugqibezela umthandazo ng-Assalaamu Alaykum.

- 15) Ukuba i-Imaam kumthandazo ofundwa ngelizwi eliphezulu, ifunde i Quran engcwele ngelizwi eliphezulu, ukuze kwimithandazo efundwa ngelizwi eliphantsi iyifunde iQuran ngelizwi eliphantsi.
- 16) Ukwenza iisijda zombini ngokulandelelana.
- 17) Ukufunda idua–e-qunoot kumthandazo weWitr.
- 18) Ukubiza iiTakbeer ezintathu ezongezelelweyo kwii-Eid zombini.
- 19) Kumthandazo wee-Eid zombini ukubiza u-Allahu Akbar xa usiya kwiRuku.
- 20) Ukuthi Allahu Akbar phambi kokufunda iDua–e-Qunoot kumthandazo weWitr.

## **IISUNNAT ZOMTHANDAZO**

- 1) Ukuba amadoda kwi Takbeer Tahriema aphakamise izandla zilungelelane neendlebe, ukuze abafazi bona zilungelelane namagxa.
- 2) Ukuyivula iminwe ngelixesha ubiza iTakbeer Tahreema.
- 3) Ukuba umntu osemva kwe-Imaam ayibize iTakbeer ngexesha elinye ne-Imaam.
- 4) Ukuba amadoda asibeke isandla sasekunene phezu kwesandla sasekhohlo ezantsi kwenkaba enze isangqa.
- 5) Ukuba abafazi babeke isandla sasekunene phezu kwesandla sasekhohlo ngaphandle kokuzisonga esifubeni.
- 6) Ukufunda u-Sub-haana kal-lahumma.
- 7) Ukufunda u-A-oozhu.
- 8) Ukufunda uBismillah ekuqaleni kweRakaat nganye.
- 9) Ukuthi Aameen (emva koSurah Faatiha).

- 10) Ukuthi Rab-banaa Walakal-hamd (emva kweRuku).
- 11) Ukufunda uSub-haana kallahum-ma no-Aoozhu noBismillah ngelizwi eliphantsi.
- 12) Ukuba i-Imaam ibize iTakbeer Tahriema ngelizwi eliphezulu.
- 13) Ukugcina intloko ime tse ngexesha ubiza iTakbeer Tahriema.
- 14) Ukuba i-Imaam ithi Sami-Allahu Liman Hamidah ngelizwi eliphezulu.
- 15) Ukuba kubekho isithuba seminwe emine phakathi kweenyawo ngelithuba umileyo.
- 16) Ukuba umntu ongumhlali walo ndawo kwiZuhr nakwi Fajr afunde nayiphina isurah kwiiTiw-wal Mufas-sal (ukusuka kuSurah Hujraat uyokutsho kuSurah Burooj, ukuze kwi-Asr ne Esha afunde nayiphina iSurah kwii-Ausaat-e-Mufassal (ukusuka kuSurah Burooj uyokutsho kuSurah Bayyinah, ukuze kwiMaghrib afunde nayiphina iSurah kwiiQissaa-e-Mufassal (ukusuka kuSurah Bayyinah uyokutsho ekupheleni kweQuran Engcwele.
- 17) Ukuyenza iRakaat yokuqala yeFajr ibende xa uyithelekisa neRakaat yesibini.
- 18) Ukubiza iTakbeer yeRuku.
- 19) Ukufunda iTakbeer ye Ruku kube kathathu.
- 20) Ukubamba amadolo ngezandla kwiRuku.
- 21) Ukuba amadoda ayithi saa iminwe kwiRuku, ukuze abafazi bayidibanise iminwe.
- 22) Ukuyimisa nqo imilenze kwiRuku.
- 23) Ukumisa umqolo nqo amadoda kwiRuku, bona abafazi bangagobi kakhulu kwiRuku.

- 24) Ukwenza intloko ilungelelane neempundu ngethuba usenza iRuku.
- 25) Ukuaqale uphakamise intloko xa usuka kwiRuku.
- 26) Ukuma ngokukhululekileyo emva kweRuku.
- 27) Xa usenza iSajda ukuqala ubeke amadolo kulandele izandla, kugqibele ubuso.
- 28) Ngethuba uphakama kwiSajda ukuqala uphakamise ubuso kulandele izandla kugqibele amadolo.
- 29) Ukubiza iTakbeer xa usiya kwiSajda.
- 30) Ukubiza iTakbeer xa uphakamisa intloko usuka kwiSajda.
- 31) Ukugcina intloko phakathi kwezandla kwiSajda.
- 32) Ukuthi Sub-haan rab-biy-yal a'laa kathathu kwiSajda.
- 33) Ukuba amadoda agcine isisu kude kunamathanga, ukuze iingqiniba zingathi nca neembambo neengalo zingafikeleli phantsi.
- 34) Ukuba abafazi bahla kakhulu xa besenza isijda, bathi nca isisu kunye namathanga.
- 35) Qaumah: ukuma tse xa usuka kwiRuku.
- 36) Jalsa: ukuchopha phantsi phakathi kweSajda yokuqala neyesibini.
- 37) Ukubeka izandla emathangeni kwiJalsa.
- 38) Ukondlala unyawo lwasekhohlo kwiQadah, ukuze umise unyawo lwasekunene tse.
- 39) Ukuba abafazi kwiQadah benze iTawarruk (ukuba bachophe ngeempundu iinyawo ziphume ngasekunene).
- 40) Xa ufunda u-At-tahiy-yatu xa ufika ku Laa wesivakalisi Ash-hadu al-laa ilaaha, ukuba uphakamise umnwe ukuze ku il-lallahu uwuthobe.

- 41) Ukufunda uSurah Faatiha kwiiRakaat ezimbini zokugqibela kumthandazo oyiFarz, hayi umthandazo oyiSunnat, kufuneka kwiiRakaat ezimbini zokugqibela ufunde uSurah Faatiha kunye nenye iSurah.
- 42) Ukufunda iDurood Shareef kwi Qadah yokugqibela.
- 43) Emva kwe Durood Sharief ukuba ufunde iDua enamagama afanayo namagama eQuran Engcwele okanye iHadith.
- 44) Ukujika ubuso ngethuba usenza ISalaam ngasekunene nangasekhohlo.
- 45) Xa i-Imaam isenza isalaam yenze iniyyat yokuba yenza isalaam kubalandeli bayo nakwiiNgelosi nakwiiJinnat ezilungileyo.
- 46) Xa uMlandeli isenza iSalaam enze iniyyat ye-imaam kwelo cala ingakulo,ukuze ukuba iMuqtadi isemva kwe imaam ngqo, ngelo xesha Imuqtadi yenza iniyyat ye-imaam macala omabini kunye nabanye abalandeli bonke akukhathaliseki nokuba baziJinn okanye abantu, nokuba zii*Kiraaman Kaatibien* (Iingelosi ezibhala izenzo zabantu).
- 47) Umntu othandaza yedwa wenza iniyyat yeeNgelosi zodwa.
- 48) Ukwenza i-salaam yesibini ngelizwi elisezantsi kune salaam yokuqala.
- 49) Ukuba iMuqtadi yenze isalaam kunye nesalaam ye-imaam.
- 50) Ukuqala wenze isalaam ngasekunene.
- 51) Ukuba iMasbooq (umntu ophoswe yirakaat enye okanye ngaphezulu) iphakame emva kwee salaam zombini.

## **IZINTO EZIMUSTAHAB EMTHANDAZWENI**

- 1) Ukuba amadoda aphakamise izandla zilungelelane neendlebe, ukuba yombethe ityali izikhuphe izandla etyalini.
- 2) Ukujonga kwindawo yesijda kwiQiyaam nakwiQowma, kwiruku ujonge ezinyaweni, kwisijda empumlweni, kwijalsa nakwiQada emathangeni, ukuze ngethuba usenza isalaam ujonge emagxeni.
- 3) Ukunqanda ukukhohlela kangangoko unakho.
- 4) Ukuvala umlomo xa uzamla, ukuze ukuba uyavuleka ukwiQiyaam ukunqande ngomva wesandla sasekunene, ukuze ukuba ukwenye imeko ngaphandle kwale ingentla ukunqande ngomva wesandla sasekhohlo.

## **IZINTO EZOPHULA UMTHANDAZO**

Izinto ezophula umthandazo zibizwa gokuba ziiMufsideat-e-namaaz:

- 1) Ukuthetha emthandazweni ngabom okanye ngempazamo kakhulu okanye kancinane.
- 2) Ukubulisa ngethuba usemthandazweni okanye ukuphendula umntu obulisayo.
- 3) Ukuthi Yar-hamukal-lahu kumntu othimlayo.
- 4) Ukomnkela ukulungiswa ngumntu ongaphandle emthandazweni, okanye ukuti *Ameen* kwi dua yomntu ongaphandle emthandazweni.
- 5) Ukuthi *Inna lillahi* wokuva iindaba ezimbi, okanye ukuthi Sub-haanal-lah kwiindaba ezimangalisayo.
- 6) Ukubonisa impazamo umntu ongeyo Imaam yakho emthandazweni, okanye emthandazweni ukufunda ujonge kwi Kurani Engcwele.
- 7) Ukuya phambili emthandazweni isithuba semigca emibini okanye ukuba imuqtadi idlule kwi-imaam ime phambi kwayo.

- 8) Ukujika isifuba kwi Qibla ngaphandle kwesizathu.
- 9) Ukutya okanye ukusela emthandazweni ngabom okanye ngempazamo.
- 10) Ukwena isijda kwindawo engcolileyo.
- 11) Ukuvuleka kweSatar ngokungalindelekanga kwaye ivuleke isithuba sokuba enye yezinto zomthandazo ingenziwa
- 12) Ukuzoncanca komntwana emntwini ongumfazi.
- 13) Ukuma komfazi emgceni wamadoda.
- 14) Ukuhleka kakhulu komntu obaaligh.
- 15) Ukucela kwi dua into njengesiqhelo ecelwa ebantwini. Umzekelo: ukwenza le dua owu Allah Ndinike IR100, 00.
- 16) *Amal-e-Katheer*: Ukwenza nayiphina into ngezandla okanye ukwenza nayiphina into ethi umntu okujongileyo acinge ukuba akuthandazi okanye ukwenza nayiphina iRukn (ilungu lomthandazo) ukulenza ngeentshukumo ezintathu ngaphandle kwesizathu.

## **IZINTO EZINGATHANDEKIYO (MAKROOH) EMTHANDAZWENI**

Izinto ezingathandekiyo emthandazweni zibizwa ngokuba zii Makroohat-e-Namaaz:

- 1) Ukunqanda umchamo okanye ukuya ngasese okanye ukuthsula khona ukuze uthandaze (ukulo meko).
- 2) Ukunxiba impahla ephikisana nomthetho okanye ukuyijingisa.
- 3) Ukungagqumi iingqiniba.



- 4) Ukuba amadoda agqume amaqatha ngebhulukhwe okanye nayiphina into.
- 5) Ukunxiba impahla enemizobo yezinto ezinobomu.
- 6) Ukuba umzobo (walonto inobomu) ube phezu kwentloko yomthandazi okanye phami kwakhe okanye ngasekunene okanye ngasekhohlo kwindawo ye sijda.
- 7) Ukuthandaza ujongene nomnye umntu.
- 8) Ukudlala ngempahla okanye umzimba wakho.
- 9) Ukufinyeza impahla okanye ukuyisonga.
- 10) Ukuthandaza ubophe iinwele ngasemva kwentloko.
- 11) Ukuthandaza phambi kwakho kukho ingcwaba.
- 12) Ukuhlafuna into okanye ukugcina emlonyeni nayiphi na into ethi yenze ukufunda iKurani Engcwele kubenzima, ukuba akukwazeki ukufunda iKurani umthandazo awomnkeleki.
- 13) Ukuma ngonyawo olunye emthandazweni okanye ukushukushukuma.
- 14) Ukunqakraza iminwe.
- 15) Ukuzamla.
- 16) Ukuba wondlale iingalo kwiSajda (ukuthi nca emhlabeni xa usenza iSajda).
- 17) Ukungacinezeli ngempumlo kwiSajda.
- 18) Ukususa amahlalutye kwindawo yesijda, ukuba kukho ubunzima ekwenzeni isajda, kuvumelekile ukuba uwasuse kube kanye.

19) Ukuba kuqala imuqtadi iqale yenze nayiphina into kuqala kune – imaam.

20) Ukuba imuqtadi ifunde ikurani.

21) Ukwenza nayiphi na into ephikisana nesunnat emthandazweni.

## **SAJDA SAHWU**

Ukuba nayiphi na into emthandazweni ithe yashiyeka okanye uthathe ithuba elide ekwenzeni into efardh, ngoko ke ngokuthi wenze isajda sahwu umthandazo uyalunga. Ngokunjalo ukuba uthathe ithuba elide ekwenzeni iwaajib okanye ukususa into efardh endaweni yayo uyizise phambili okanye, okanye ukwenza into efardh kabini, nakhona kufuneka wenze isajda sahwu. Into engundoqo yeyokuba kufuneka ezizinto ukuba zibe zenzeka ngempazamo, kuba ukuba ezizinto zenziwe ngabomu, isajda sahwu ayenziwa, koko kulunyanzelo ukuba umthandazo uphindwe. Isajda sahwu ithetha isijda eyenziwa xa uthe walibala kuphela.

## **INDLELA YOKWENZA ISAJDA SAHWU**

Indlela yokwenza isijda sihwu yile: Ukuba kwiQa'dah yokugqibela emva kokufunda iTashahhud wenza isalaam kube kanye wenze iisijda zibembini, emva kwazo uphinde ufunde iTashahhud idurood sharief kunye nedua ube sele ugqibezela umthandazo njengesiqhelo ngeeSalaam ezimbini. Kuyimfuneko uyazi ukuba into efardh ukuba ithe ayenziwa, isajda sahwu ayikwazi ukuyilungisa, kuyimfuneko ukuba umthandazo uphindwe nokuba ithe yashiyeka ngokulibala. Ukuba emthandazweni kuthe kwenzeka izinto ezininzi ezifuna isajda sahwu ukuba yenziwe, ngokuthi wenze isajda sahwu enye yanelisa zonke ezo zinto azishiyileyo.

## **SAJDA TILAAWAT**

Iindawo ezilishumi elinesine kwi kurani engcwele ziloluhlobo, ukuba umntu ozifndayo okanye ozimameleyo ku waajib ukuba enze isijda zibizwa ngokuba ziisijda tilaawat.

### **INDLELA YOKWENZA ISAJDA TILAAWAT**

Emthandazweni ukuba uthe wafunda ivesi yesajda tilaawat kufuneka ngoko nangoko ngelithuba esithi Allahu Akbar aye kwisajda enze isajda enye, uphinde ube sele usithi Allahi Akbar ngelithuba uphakamayo, ngelithuba umileyo ube sele uqhubekeka apho ubuphele khona ukufunda ikurani engcwele. Ivesi yesajda tilaawat ukuba ithe yafundwa ngaphandle emthandazweni okanye ithe yamanyelwa, indlela yokuyenza yile ilandelayo: Ekubeni ume ngeenyawo ngaphandle kokuphakamisa izandla ufunda itakbeer emva kokuba wenze iniyyat yesajda tilaawat uye kwisajda. Wenza isijda ibenye wokugqiba uphakame ngelixesha ufunda iTakbeer kwakhona. Lena yeyona ndlela ingcono. Ukuba umntu uthe wenza isajda ngelithuba ahleli phantsi wokugqiba aphinde ahlale phantsi isajda tilaawat nanjalo iyafezeka. Ukuba ivesi yesajda tilaawat ithe yafundwa kwindawo enye kabini okanye ngaphezulu okanye ithe yamanyelwa, ukwenza isajda kuba waajib kube kanye. Izinto emthandazweni eziyimfuneko zikwayimfuneko kwisijda tilaawat, kwaye zonke izinto ezophula umthandazo zikwayophula nesajda tilaawat.

### **IINDLELA ZOKUFUNDA IKURANI ENGCWELE**

Rhoqo efunda ikurani engcwele uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayefunda ngeTarteel (ukufunda ngokucothisisa) wayengafundi ngokukhawulezisa koko wayefunda igama ngalinye ngokucacileyo,

afunde ivesi ibenye aphumle ukuze onobumba bokutsala abafunde ngokutsala.

Umzekelo: Rahman noRahiem wayebafunda ngokutsala ukuze ekuqaleni kokufunda ikuran wayecela ukukhuselwa nguAllah kuSathana oqalekisiweyo wokugqiba afunde athi:

أَعُوذُ بِاللَّهِ مِنَ الشَّيْطَانِ الرَّجِيمِ

AOOZHU BILLAAHI MINASH-SHAYTAANIR- RAJEEM

*Ndicela ukukhuselwa ngu Allah kusathana oqalekisiweyo*

Ngamanye amaxesha wayedla ngokufunda athi:

اللَّهُمَّ إِنِّي أَعُوذُ بِكَ مِنَ الشَّيْطَانِ الرَّجِيمِ مِنْ هَمَزِهِ

وَنَفْخِهِ وَنَفْثِهِ

ALLAHUMMA IN-NIE AOOZHU BIKI MINASH-SHAYTAANIR  
RAJIEM MIN HAMZIHI WANAFKHIHI WANAFATHIHI

*Owu Allah ndicela ukukhuselwa nguwe kusathana oqalekisiweyo,  
ezingcebiseni zakhe ezimbi, ekusebezeni kwakhe ezingqondweni  
nasezintliziyweni zabantu.*

UHazrat Ummi Salma radhiallahu anha uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayefunda ikurani ngokuthi afunde ivesi nganye ngokwahlukeneyo umzekelo: wayefunda ivesi:

الْحَمْدُ لِلَّهِ رَبِّ الْعَالَمِينَ

ALHAMDULILLAHI RABBIL AALAMEEN

Wokugqiba aphumle, emva koko afunde ivesi:

الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

AR-RAHMAANIR-RAHEEM

Aphumle kwakhona, emva koko afunde

مَالِكِ يَوْمِ الدِّينِ

MAALIKI YOWMID-DEEN

Nakwezinye iivesi ezilandelayo wayephumla ngokunjalo. (*Tirmizhi*)

Kule Hadith sifunda ukuba ukuphumla kwivesi nganye ka Sura Faatiha kungcono kakhulu kwaye esisenzo siboniswa kwiiHadith ezininzi.

## **INDLELA YOKUZIPHATHA EMASJID NOKWENZA IMIGCA**

Xa ungena emasjid uqale ubeke unyawo lwasekunene uthi:

اللَّهُمَّ افْتَحْ لِي أَبْوَابَ رَحْمَتِكَ

ALLAHUMMAF –TAH-LIE AB-WAABA RAH-MATIKA

*Owu Allah ndivulele iingcango zenceba yakho*

Xa uphuma emasjid uqale ukhuphe unyawo lwasekhohlo uthi:

اللَّهُمَّ إِنِّي أَسْأَلُكَ مِنْ فَضْلِكَ

ALLAHUMMA IN-NIE AS-ALUKA MIN FAD-LIKA

*Owu Allah ndicela ufeze lwakho*

Ukuba emasjid ngaphandle kweendidi zonqulo ezi fardh nezingekho fardh ukuba uhlale uthe cwaka ukuba uyathetha kufuneka uthethe ngelizwi eliphantsi. Ukuba unenjongo zokuhlala isithuba eside kungcono ukuba wenze iniyyat ye –Itikaaf:

نَوَيْتُ الْإِعْتِكَافَ

NAWAYTUL ITIKAAF

*Ndinenjongo zokuhlala i-Itikaaf*

Ekwenzeni lonto kukho umvuzo omninzi. Hlala phantsi ngembeko, eyona ndlela ingcono kukuguqa ngamadolo ujonge ngase Qibla ingakumbi ngethuba umamele ikhutba. Ukujonga ukucoceka kwemasjid nokuba emasjid itshayelwe, ukususa ukungcola kunye nokulahla inkunkuma yayo, ukunukisa emasjid kamnandi ngesiqholo ingakumbi

ngemini yejuma, zonke ezo zenzo ziyakukhusela ukuze ungene ezulwini (jannat). (*Abu Dawood*) Ngokuthi ukhuphe imizi okanye uthuli emasjid nako kukwenza kubhalwe iintsikelelo. (*Mishkaat*) Ngokufutshane ukuthabatha inxaxheba kwiimfuno zemasjid nasemisebenzini yayo luqobelo lethamsanqa kwanesadaqa jaariya (umvuzo ofumaneka naphakade). Kwi Jam-e-Tirmidhi (Igama le Ncwadi YeHadith) uHadrat Abu Hurayra radiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam xa uthe waya kwimiyezo yase mazulwini khona uze udle iziqhamo, wabuzwa ukuba owu mthunywa ka-Allah, yintoni imiyezo yasemazulwini? Waphendula wathi ziimasjid, wabuzwa ukuba owu Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iziqhamo zakhona yintoni? Waphendula wathi:

سُبْحَانَ اللَّهِ وَالْحَمْدُ لِلَّهِ وَلَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَاللَّهُ أَكْبَرُ

SUB-HAANAL-LAAHI WAL-HAMDU LIL-LAAHI WALAA  
ILAAHA IL-LALLAAHU WALLAAHU AKBAR

*Uzuko malube ku-Allah kwaye iindumiso zonke zezika-Allah, namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, unguyena mkhulu.*

*(Mishkaat igama le ncwadi yehadith)*

**Hadith:** Nu'man bni Bashier radiallahu anhu wabalisa wathi uRasoollah sallallahu alayhi wasallam wayedla ngokumisa imigca yethu tse nangokulinganayo ngokungathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam uzakujolisa utolo ngayo (imigca yethu) wade uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wacinga ukuba nathi siqondile (ukuba kufuneka sime njanina) emva koko ngenye imini kwenzeka ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wafika, kwaye wayesele emile endaweni yakhe ezakuthandaza kwade kwakufutshane ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam enze itakbier aqale umthandazo, kwenzeka

ukuba amehlo kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam athi awela emntwini othile, isifuba sakhe sasize phambili kancinane emgcezi ngoko nangoko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi yenzani imigca yenu ithi tse kwaye ilungelelane okunye u-Allah Ta'ala uyakwenza I-antlukwano phakathi kwenu. (*Muslim*)

Ngethuba lokwenza imigca okanye ungenelela ijamaat esele ibunjiwe, abantu kufuneka beme ngokusondeleleneyo kudibane amagxa kungabikho zithuba phakathi kwabo. Eyona nto ibalulekileyo ekwenzeni imigca kukuba izithende zilungelelane amagxa adibane. I-imaam nayo kubalulekile ukuba phambi kokuba iqale umthandazo ijone ukuba imigca ithi tse kusinina.

## **UKUKHALINYELWA KOKUNQUMLA PHAMBI KOMNTU OTHANDAZAYO**

uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi ukuba umntu onqumla phambi komntu othandazayo unokuyazi ukuba singakanani na isono asifumanayo unobona kungcono ukuba ame iminyaka engamashumi amane kunokuba anqumle phambi kwakhe. (*Mishkat*)



## IIRAKAAT ZOMTHANDAZO

	FAJR	ZUHAR	ASR	MAGRIB	ESHA	JUMA
Sunnats before	2	4	4		4	4
Faraz	2	4	4	3	4	2
Sunnats after		2		2	2	4
Nafl		2		2	2	2
Wajib					3 Witr	
Nafl					2	2

## UKUQUBEKEKA KWERAKAATS ZOMTHANDAZO

**Khumbula:** Iisunnat esiphambi kwe Fajr, Zuhar neJuma zonke zilmuakkada, akubeni ezo ziphambi kwe-Asr ne-Esha ziighayr muakkada.

Zonke iisunnat neenafl ekuzithandazeni endlwini kukho iithawaab ezininzi kunokuzithandaza emasjid, ngaphandle kweesunnat neenafl ezimbalwa kuba ekuzithandazeni emasjid kungcono. Umzekelo: Umthandazo womnyama neminye neminye uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayeyithandaza yonke, iisunnat neenafl ekhayeni,

kwaye wayekhuthaza amaSahaba ukuba enze njalo. Ikwayintetho ka Rasulullah sallallahu alayhi wasallam ukuba owona mthandazo uthandekayo kumadoda ngaphandle kwemithandazo eyiFaraz ngumthandazo owenziwa ekhayeni.

## INDLELA YOKUTHANDAZA

Into yokuqala oyenza ngethuba uzakuthandaza kukwenza iniyyat yalo mthandazo. Ume ujonge ngaseQibla, iinyawo zime tse. Uphakamise izandla zozibini zilungelelane neendlebe iminwe ithe tse umphakathi wesandla ujonge ngaseQibla, oobhontsi bafike kwincam yendlebe. Emva koko uthi **Allahu Akbar** ube sele usonga izandla ezantsi kwenkaba ngokuthi ubeke umphakathi wesandla sasekunene kumva wesandla sasekhohlo, ukuze ngoobhontsi nocikicane wenze isangqa wenze isangqa ubambe isihlahla, eminye iminwe ayigcine phezu kwesihlahla, ukuze amehlo ajonge kwindawo yokwenza isijda ube sele ufunda iThanaa ngelizwi eliphantsi.

Emva koko ufunda iTa-ow-wuz, emva koko iTasmia ube sele ufunda isura Fatiha wokugqiba uthi Ameen ngelizwi eliphantsi. Emva koko funda isura ibe nye, okanye ezimfutshane zibentathu kodwa ukuba uthandaza emva kwe-imaam ufunda iThanaa yodwa, emva koko uma njalo uthe cwaka. Ukuba usemva kwe-imaam akuyifundi ita-owwuz, tasmiyah, surah fatiha okanye isura.

Goba uye kwi-ruku uthi **Allahu Akbar**. Bamba amadolo ngeminwe evulekileyo ethe saa. Gcina umqolo uthe tse kangangokuba ukuba iglasi yamanzi inokubekwa kuwo ayinakuwa. Intloko kufuneka ilungelelane nomqolo akufuneki ibe phezulu okanye ezantsi. Iingalo kufuneka zihlale zikude kunamacala omzimba, iziquluba zime tse ngethuba ukwi-ruku. Itasbieh yeruku ungayifunda amatyeli amathathu okanye amahlanu. Ngethuba ufunda itasmee (**sami allahu liman hamidah**) uma tse,

wogqiba uthi: **Rabbana walakal-hamd**. Imaam yona ifunda itasme (hayi itahmied).

Ngoku iya kwi sajda ngelithuba usithi **Allahu Akbar** uqale ubeke amadolo emhlabeni, kulandele izandla zozibini, impumlo ekugqibeleni ibunzi. Ubuso bubekwa phakathi komphakathi wesandla oobhontsi bona kufuneka balungelelane neendlebe. Kwi sijda ufunda itasbieh kube kathathu okanye kahlanu. Ngelithuba usithi Allahu Akbar uqala uphakamise ibunzi, impumlo kulandele izandla zozibini wokugqiba uhlale phantsi tse. Ngoku yenza itakbier kwakhona ube ngaxesha linye usiya kwi sijda elandelayo. Ngoku phakama usebenzisa iintupha zeenzwane ngelithuba usenza itakbier, uqale uphakamise ibunzi emhlabeni kulandele impumlo, izandla kugqibele amadolo, ukuze ngelithuba umileyo usonge izandla ezantsi kwenkaba ufunde uBismillah, surah fatiha kunye nenye isura. (Ukuba umntu ulandela I-imaam akafundi nto, uhlala emile ethe cwaka). Kwakhona ngalandlela ichazwe ngaphambili inye wenza iruku, qowma, jalsa kunye neesijda zombini. Ngethuba uphakama kwisijda yesibiniezakuhlala phantsi, ondlala unyawo lwasekhohlo uhlale kulo ngelithuba unyawo lwasekunene lume tse. Beka izandla zozibini emathangeni iintupha zeminwe zijonge ngaseQibla. Funda u-at-tahiy-yat ukuze xa ufika kumagama **ash-hadu al-laa-ilaaha**, wenze isangqa ngobhontsi nocikicane wesandla sasekunene, uphakamise umnwe wokolatha wolathe ngaphambili. Wuhlise xa ufika kumagama **illallah** ukuze sona isangqa sihlale njalo ude uyokuphela umthandazo.

Ukuba ngumthandazo oneeRakaat ezimbini, emva kwe tashah-hud umntu ufunda idurood kunye ne dua emva koko wenze isalaam kuqala ngasekunene kulandele ngasekhohlo, ukuba ngumthandazo onee rakaat ezintathu okanye ezine emva ko at-tahiy-yat akuyifundi idurood sharief kwi qa'da yokuqala koko uyaphakama usithi **Allahu Akbar**. Funda u bismillah kunye nosura fatiha kodwa akudibanisi isura ngaphandle

kokuba uthandaza umthandazo oyisunnat okanye inafI, kuba kuyo isura iyadityaniswa kwi rakaat yesithathu nakweye sine.

### THANAA

سُبْحَانَكَ اللَّهُمَّ وَبِحَمْدِكَ وَتَبَارَكَ اسْمُكَ وَتَعَالَى جَدُّكَ  
وَلَا إِلَهَ غَيْرُكَ

SUB-HAANA KAL-LAHUMMA WABIHAM-DIKA  
WATABAARAKAS-MUKA WATA'ALA JAD-DUKA WALAA  
ILAAHA GHAYRUK

*Uzuko malube nawe –owu Allah, iindumiso zonke mazibe kuwe. Igama lakho lisikelelekile kwaye ubungangamsha bakho buphakamile kwaye akukho wumbi ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kwakho*

### TA-OWWUZ

أَعُوذُ بِاللَّهِ مِنَ الشَّيْطَانِ الرَّجِيمِ

AOOZU BILLAHI MINASH-SHAYTAANIR RAJEIM

*Ndicela ukukhuselwa ngu-Allah kusathana oqalekisiweyo*

## TASMIYA

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

BISMILLAHIR-RAMAANIR-RAHIEM

*Egameni lika Allah onenceba nemfesane*

## SURA FATIHA

الْحَمْدُ لِلَّهِ رَبِّ الْعَالَمِينَ \* الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ \* مَا لِكِ يَوْمَ  
الدِّينِ \* إِيَّاكَ نَعْبُدُ وَإِيَّاكَ نَسْتَعِينُ \* اهْدِنَا الصِّرَاطَ  
الْمُسْتَقِيمَ \* صِرَاطَ الَّذِينَ أَنْعَمْتَ عَلَيْهِمْ \* غَيْرِ  
الْمَغْضُوبِ عَلَيْهِمْ وَلَا الضَّالِّينَ \* آمِينَ

AL-HAMDULILLAHI RAB-BIL AALAMIEN. AR-RAHMAANIR-  
RAHIEM. MAALIKI YOWMID-DIEN. IY-YAKA NA'BUDU WA  
IY-YAKA NASTAIEN. IH-DINAS-SIRAATAL MUSTAQIEM.  
SIRAATAL-LAZIENA AN-AMTA ALYHIM.GHAYRIL  
MAGHDOOBI ALAYHIM WALAD-DAAL-LIEN .AAMEEN.

*Udumo malube ku Allah, inkosi yezizwe zonke. Onenceba nemfesane,  
ikumkani yemini yomgwebo. Sikhonza wena wedwa, kuwe wedwa sicela*

*uncedo, sibonise indlela ethe tye. Indlela yabo wabanika isenzelelelo.  
Ingeyiyo (indlela) yabo bafumana ingqumbo yakho nabo balahlekileyo.  
Aameen*

## SURAH IKHLAAS

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ \* اللَّهُ الصَّمَدُ \* لَمْ يَلِدْ وَلَمْ يُولَدْ \*  
وَلَمْ يَكُنْ لَهُ كُفُوًا أَحَدٌ \*

QUL HUWAL-LAAHU AHAD. ALLAHUS-SAMAD .LAM YALID.  
WALAM YOOLAD. WALAM YAKULLAHU KUFUWAN AHAD

*Yithi (owu Muhammad) yena ungu-Allah, mnye. u-Allah  
akaxhomekekanga ntweni. Akazalilsi kwaye akazelwanga kwaye akukho  
namnye ofana naye.*

## ITASBIEH YERUKU

سُبْحَانَ رَبِّيَ الْعَظِيمِ

SUB HAANA RABBIYAL AZIEM

*Uzuko malube ku-Allah oyena mkhulu*

**TASMEE**

سَمِعَ اللهُ لِمَنْ حَمَدَهُ

SAMI-ALLAHU LIMAN HAMIDAHU

*U-Allah uyamphulaphula lowo umdumisayo*

**TAHMIED**

رَبَّنَا وَلَكَ الْحَمْدُ

RABBANAA WALAKAL HAMD

*Owu Allah wethu lonke udumo lolwakho*

**ITASBIEH YESIJDA**

سُبْحَانَ رَبِّيَ الْأَعْلَى

SUB-HAANA RABBIYAL A'LA

*Uzuko malube kumdali wam ophakakamileyo*

## AT-TAHYI-YATU

التَّحِيَّاتُ لِلَّهِ وَالصَّلَوَاتُ وَالطَّيِّبَاتُ ، السَّلَامُ عَلَيْكَ  
 أَيُّهَا النَّبِيُّ وَرَحْمَةُ اللَّهِ وَبَرَكَاتُهُ ، السَّلَامُ عَلَيْنَا وَعَلَى عِبَادِ  
 اللَّهِ الصَّالِحِينَ ، أَشْهَدُ أَنْ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَأَشْهَدُ أَنَّ  
 مُحَمَّدًا عَبْدُهُ وَرَسُولُهُ

AT-TAHYI-YATU LILLAHI WAS-SALAWAATU WAT-YAY-  
 YIBAATU ASSALAMU ALAYKA AY-YUHAN-NABIEYU  
 WARAH MATULLAAHI WABARAKAATUHU. ASSALALAMU  
 ALAYNA WA-ALAA IBAADIL-LAAHIS-SAALIHEN ASH-HADU  
 AL-LAA ILAHA ILL-LLAHU WA-ASH-HADU AN-NA  
 MUHAMMADAN AB-DUHU WARASOOLUH

*Lonke unqulo oluthethwayo, olomzimba nolwemali lwenzelwa u-Allah.  
 Uxolo, inceba kunye neentsikelelo mazibe nawe owu mprofethi, kwaye  
 inceba ka-allah neentsikelelo zakhe inga zinga nathi nabo bonke  
 abakhonzi abakholiweyo baka-Allah. Ndiyangqina akukho namnye  
 ofanelwe ukunqulwa ngaphandle kuka-Allah kwaye ndiyangqina ukuba  
 uMuhammad sallallahu alayhi wasallam sisicaka nomthunywa wakhe*



## DUROOD IBRAHIEM

اَللّٰهُمَّ صَلِّ عَلٰى مُحَمَّدٍ وَعَلٰى اٰلِ مُحَمَّدٍ كَمَا صَلَّيْتَ

عَلٰى اِبْرٰهِيْمَ وَعَلٰى اٰلِ اِبْرٰهِيْمَ اِنَّكَ حَمِيْدٌ مَّجِيْدٌ

اَللّٰهُمَّ بَارِكْ عَلٰى مُحَمَّدٍ وَعَلٰى اٰلِ مُحَمَّدٍ كَمَا بَارَكْتَ

عَلٰى اِبْرٰهِيْمَ وَعَلٰى اٰلِ اِبْرٰهِيْمَ اِنَّكَ حَمِيْدٌ مَّجِيْدٌ

ALLAHUMA SALLI ALAA MUHAMMAD WA-ALAA -AALI  
 MUHAMMAD KAMAA SAL-LAYTA ALA IBRAHIEMA WA-  
 ALAA AALI IBRAHIEMA IN-NAKA HAMIEDUM-MAJIED  
 .ALLAHUMMA BAARIK ALAA MUHAMMAD WA-ALAA AALI  
 MUHAMMAD KAMAA BAARAKTA ALAA IBRAHIEMA WA-  
 ALAA AALI IBRAHIEMA IN-NAKA HAMIEDUM-MAJIED.

*Owu Allah thumela inceba yakho kuMuhammad nakusapho luka  
 Muhammad njengoko wayithumelayo inceba yakho ku-ibrahieem  
 nakusapho luka- Ibrahieem, ngaphandle kwamathandabuzo wena  
 umkhulu kwayeufanelwe ukudunyiswa. Owu Allah thumela iintsikelelo  
 zakho kuMuhammad nakusapho luka Muhammad njengoko wathi  
 wasikelela u-Ibrahieem nosapho lwakhe. Ngaphandle kwamathandabuzo  
 wena umkhulu kwaye ufanelwe ukudunyiswa.*

## DUA

رَبَّنَا آتِنَا فِي الدُّنْيَا حَسَنَةً وَفِي الْآخِرَةِ حَسَنَةً وَقِنَا  
عَذَابَ النَّارِ

RAB-BANAA AATINAA FID-DUNYA HASANATOW WAFIL-  
AAKHIRATI HASANATOW WAQINAA AZAABAN-NAAR

*Owu mdali wethu: sinike okulungileyo apha emhlabeni kwaye usinike  
okulungileyo kwixesha elizayo (emazulwini) kwaye usisindise kumlilo  
wesihogo*

## SALAAM

السَّلَامُ عَلَيْكُمْ وَرَحْمَةُ اللَّهِ

ASSALAAMU ALAYKUM WARAHMATULLAHI

*Inga uxolo nenceba kaAllah inganani*

## IZINTO EZENZIWA EMVA KOMTHANDAZO

1) Ukuthi Astaghfirullaah kube kathathu.

2) Ukufunda le dua ilandelayo:

اللَّهُمَّ أَنْتَ السَّلَامُ وَمِنْكَ السَّلَامُ ، تَبَارَكْتَ يَا ذَا  
الْجَلَالِ وَالْإِكْرَامِ

ALLAHUMMA ANTAS-SALAAM WAMIN-KA S-SALAAM  
TABAARAKTA YAA ZHAAL-JALAALI WAL-IKRAAM

*Owu Allah nguwe onika uxolo kwaye uxolo luvela kuwe wedwa. Wena  
ungcwele kakhulu, owu nkosi yentlonipheko nozuko*

3) Ukufunda nalena dua:

اللَّهُمَّ أَعِنَّا عَلَى ذِكْرِكَ وَشُكْرِكَ وَحُسْنِ عِبَادَتِكَ

ALLAHUMMA A-INNA ALAA ZIK-RIKA WASHUK-RIKA  
WAHUSNI IBAADATIK

*Owu Allah sincede ekukhumbuleni wena nasekubuleleni wena kwaye  
sincedise ekufezekiseni ukunqula wena*

4) Funde nale dua:

اللَّهُمَّ لَا مَانِعَ لِمَا أَعْطَيْتَ وَلَا مُعْطِيَ لِمَا مَنَعْتَ وَلَا  
يَنْفَعُ ذَا الْجَدِّ مِنْكَ الْجَدُّ

ALLAHUMMA LA MAANI-A LIMA A'TAYTA WALAA  
MUTIYA LIMAA MANA'TA WALAA YANFA-U ZHAL-JADD  
MIN-KAL JADD

*Owu Allah: akukho onokubamba into ofuna ukuyinikezela kwaye akukho onokunika lonto wena ufuna ukuyibamba kwaye akukho butyebi bunokusindisa umnikazi wabo kuwe*

5) Ukufunda I-ayatul kursi kubekanye emva kweFardh yeFajr ne-Asr ukuze kweminye imithandazo emithathu eseleyo uyifunde emva kweeSunnat.

### AYATUL KURSI

اللَّهُ لَا إِلَهَ إِلَّا هُوَ الْحَيُّ الْقَيُّومُ ، لَا تَأْخُذُهُ سِنَّةٌ وَلَا نَوْمٌ  
 ، لَهُ مَا فِي السَّمَاوَاتِ وَمَا فِي الْأَرْضِ ، مَنْ ذَا الَّذِي  
 يَشْفَعُ عِنْدَهُ إِلَّا بِإِذْنِهِ ، يَعْلَمُ مَا بَيْنَ أَيْدِيهِمْ وَمَا  
 خَلْفَهُمْ ، وَلَا يُحِيطُونَ بِشَيْءٍ مِّنْ عِلْمِهِ إِلَّا بِمَا شَاءَ ،  
 وَسِعَ كُرْسِيُّهُ السَّمَاوَاتِ وَالْأَرْضَ ، وَلَا يَئُودُهُ حِفْظُهُمَا  
 ، وَهُوَ الْعَلِيُّ الْعَظِيمُ

ALLAHU LAA ILAAHA ILA-LAAHUALHAY-YUL QAY-YUM  
 LAA TA'KHUZHUUH SINATUW'WALAA NOWM.LAHU MAA  
 FIS'SAMAAWATI WAMAA FIL-ARD.MAN ZHAL-LAZHI YASH-  
 FA-U IN-DAHU IL-LAA BI-IZH-NIH. YA'LAMU MAA BAYNA

AYDIEHIM WAMAA KHALFAHUM, WALAA YUHIETUNA  
 BISHAY-IM-MIN IL-MIHI IL-LAA BIMAA SHAA-A, WASI-A  
 KURSIY-YUHUS-SAMAAWATI WAL-ARD WALAA YA-UDUHU  
 HIFZHU-HUMAA WAHUWAL-ALIY-YUL AZIEM.

*Allah: akukho wumbi ofanelwe ukukhonzwa khwakhe, uyaphila, ungumxhasi wento yonke, akozeli kwaye akalali. Yonke into esemhlabeni nasamazulwini yeyakhe. Ngubani onokuthi athandazele kuye ngaphandle kwemvume yakhe? Yena wazi izinto eziphambi kwabo nezinto ezisemva kwabo, kwaye bona abakwazi ukuqonga nayiphina into ekulwazi lwakhe ngaphandle kwalomthandazo athe wafuna (ukuba bawazi). iTrone (Kursi) yakhe ingqonge onke amazulu nomhlaba kwaye akumdini ukuwakhusela kwaye, kwaye inqanaba lakhe liphezulu kwaye mkhulu.*

6) Emva koko uthi Sub-haanallah-Uzuko malube kuAllah, Kube kayi33. Ukuthi Alhamdulillah-udumo malube ku-Allah kube kayi33. Ukuthi Allahu Akbar-u Allah mkhulu.

## UMTHANDAZO WEWITR

Umthandazo we witr uneerakaat ezintathu kwaye uthandazwa njengeminye imithandazo yesiqhelo umahluko ungaka kuphela, ukuba uthandaza iirakaat ezimbini, ukuze ngelithuba uphakama kwiQa'da (hlala phantsi) yokuqala ekubeni ufunde usura faatiha nenyane isura uphakamisa izandla ngelishesha usithi Allahu Akbar zilungelelane neendlebe wokugqiba usonge izandla ufunde idua-e-Qunoot ngelizwi eliphantsi.

## IDUA-E-QUNOOT

اللَّهُمَّ إِنَّا نَسْتَعِينُكَ ، وَنَسْتَغْفِرُكَ ، وَنُؤْمِنُ بِكَ ،  
 وَنَتَوَكَّلُ عَلَيْكَ ، وَنُثْنِي عَلَيْكَ الْحَيْرَ ، وَ نَشْكُرُكَ ،  
 وَلَا نَكْفُرُكَ ، وَنَخْلَعُ وَنَتْرُكُ مَنْ يَفْجُرُكَ ، اللَّهُمَّ إِيَّاكَ  
 نَعْبُدُ ، وَلَكَ نُصَلِّي وَنَسْجُدُ ، وَإِلَيْكَ نَسْعَى وَنَحْفِدُ ،  
 وَنَرْجُو رَحْمَتَكَ ، وَنَخْشَى عَذَابَكَ ، إِنَّ عَذَابَكَ  
 بِالْكَفَّارِ مُلْحِقٌ

ALLAHUMMA INA-NAA NASTA-IENUKA

WANASTAGHFIRUKA WANU'MINU BIKA WANATAWAK-  
 KALU ALAYKA WANUTH-NIE ALAYKAL-KHAYR WANASH-  
 KURUKA WALAA NAK-FURUKA WANAKH-LA-U WANAT-  
 RUKU MAY-YAF-JURUKA ALLAHUMMA IY-YAACA  
 NA'BUDU WALAKA NUSAL-LIE WANAS-JUDU WA-ILAYKA  
 NAS-A WANAH-FIDU.WANAR-JU RAHMATAKA WANAKH-  
 SHAA AZHAABAKA IN-NA AZHAABAKA BIL-KUFFAAR  
 MULHIQ.

*Ow Allah sicela uncedo lwakho kwaye sicela ukuxolelwa  
 nguwe.siyakholwa kuwe kwaye sithembele kuwe. Siyakudumisa ngako  
 konke okulungileyo. Siyakubulela kwaye asibi ngabinambulelo kuwe.  
 Siyazikhwebula kwaye siyabaphepha bonke abo bangakuthobeliyo. Owu*

*Allah sinqula wena wedwa kwaye sithandaza wena wedwa, kwaye siqubuda kuwe. Sibalekela kuwe kwaye siyazinikezela. Sinethemba lenceba yakho, kwaye soyika isohlwayo sakho, kuba ngokuqinisekileyo isohlwayo sakho siyakugubungela abahedeni.*

Ekubeni ugqibile ukufunda idua-e-qunoot wenza iruku nezinye izinto (ezijenge qowma, Sajda nejalsa) uyahlala phantsi ufunde u-at-tahiya-yat, durood sharief kunye nedua ube sele usenza iSalaam. (*Durrul Mukhtaar*) Kuyinto emustahab ukufunda lamagama alandelayo emva komthandazo wewitr:

سُبْحَانَ الْمَلِكِ الْقُدُّوسِ

SUB-HAANAL -MALIKIL QUDOOS

(Mishkaat)

Uzuko malube koyena kumkani ungcwele.kube kathathu

رَبُّنَا وَرَبُّ الْمَلَائِكَةِ وَالرُّوحِ

RAB-BUNA WARAB-BUL MALAA-IKATI WAR-ROOH

*Mdali wethu nomdali weengelosi nogabriyeli. Kube kanye*

(*Dar-e-Qutni*)

Ukufunda idua e-Qunoot kwiwitr kuyimfuneko (wajib). Ukuba umntu akayazi (idua –e-Qunoot) kufuneka afunde le dua ilandelayo kwindawo yedua –e-Qunoot:

رَبَّنَا آتِنَا فِي الدُّنْيَا حَسَنَةً وَفِي الْآخِرَةِ حَسَنَةً وَقِنَا  
عَذَابَ النَّارِ

RAB-BANAA AATINAA FID-DUNYA HASANATOW WAFIL-  
AAKHIRATI HASANATOW WAQINAA AZAABAN-NAAR

*Owu mdali wethu: sinike okulungileyo apha emhlabeni kwaye usinike  
okulungileyo kwixesha elizayo (emazulwini) kwaye usisindise kumlilo  
wesihogo*

*(Raddul Mukhtaar)*

Okanye usenokufunda la magama:

يَا رَبِّ يَا رَبِّ يَا رَبِّ

YAA RABBI YAA RABBI YAA RABBI

Ukuba umntu uthe walibala waya kwi ruku, akuyomfuneko ukuba abuye  
aphinde eme afunde idua –e-Qunoot koko kufuneka agqibezele  
umthandazo ukuze ekugqibeleni enze isijda sihwu. Kwinyanga  
yeRamadaan iwitr yenziwa emva kokugqitywa komthandazo  
weTaraweeh, kwaye nayo iwitr ithandazwa ngokudibeneyo (jamaat).

## IIMEKO UMTHANDAZO WEJUMA OXHOMEKEKE KUZO

Ijuma ithi inyanzeleke ukuba ezimeko zilandelayo zithe zafumaneka:

1) Ukuba sempilweni.



- 2) Ukuba ngumntu okhululekileyo.
- 3) Ukuba yidolophi okanye isixeko esikhulu apho uhlala khona.
- 4) Ukuba yindoda.
- 5) Ukuba uphilile ngokwasengqondweni nokuba ube ufikisile.
- 6) Ukungabi sisilima okanye imfama.
- 7) Ukuba lixesha leZuhr.
- 8) Ukwenziwa kweKhutba.
- 9) Ukubakho kwejamaat (ubuncinane abantu abathathu ngaphandle kwe-imaam.

Ukuqaba isiqholo (atar) nokunxiba impahla entle ngemini yejuma kuMustahab. Ukuyeka ukushishina nge-azaan yokuqala uye eMasjid kuwaajib. Ingathi yenziwe i-azaan yesibini i-imaam iyaphakama yenze ikhutba, kufuneka abantu bathule bathi cwaka bamamele ikhutba. Ngelithuba i-imaam inikezela ikhutba akuvumelekanga ukuthetha ukuthandaza, ukufunda idurood shareef, itasbbeeh kunye naluphi na uhlobo lwezikr. Ngalo lonke ixesha akufuneki uphoswe ngumthandazo wejuma, kuba ugxininiswe kakhulu kwihadith. URasoolullah sallallahu alayhi wasallamwathi: Lo mntu uthi aphose umthandazo we juma lo mntu abhalwe ukuba ngumhanahanisi kwincwadi engasokuze icinywe nokuba itshintshwe. Kodwa ukuba uthe wenza itowba waza u-Allah ngeemfefe zakhe amxolele leyo iyakuba yenye into. Ngolwesihlanu kukho ixesha aphoukuba iMuslim ithe yenza idua ngokuqinisekileyo iyakuthi yamkelwe. (*Bukhari*)

Elo xesha kusenokwenzeka ukuba lixesha eliphambi kokutshona kwelanga ngolwesihlanu. Ngokuthi ufunde idurood ngolwesihlanu ufumana umvuzo omninzi kunezinye imini. UmProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallamwathi: Ngale mini thumela idurood eninzi kum kuba yona ithunyelwa kum ngalo mhla. (*Ibn Majah*)

Lo Muslim ithi isweleke ngemini yejuma okanye ubusuku bayo lo Muslim iyakuthi ikhuseleke kwisohlwayo sasemangwabeni. (*Tirmidhi*)

## UMTHANDAZO WETARAWEEH

Ngenyanga yeRamadaan ukuthandaza iiRakaat eziyi20 zeTaraweeh emadodeni nasebafazini kuyiSunnat Muakkadah. (*Durrul Mukhtaar*) Ukwenza iTaraweeh niyiJamaat emadodeni kuyiSunnat Kifaayah. (*Durrul Mukhtaar*) Emva kweFardh neeSunnat ze-Esha wenza iNiyyat yokuba ndenza iiRakaat ezimbini eziyiSunnat zeTaraweeh. Ukuze emva kweeRakaat ezine umntu usenokuhlala phantsi athi cwaka okanye afunde iKurani okanye afunde itasbeeh yetaraweeh.

### ITASBEEH YETARAWEEH

سُبْحَانَ ذِي الْمُلْكِ وَالْمَلَكُوتِ ، سُبْحَانَ ذِي الْعِزَّةِ  
وَالْعِظْمَةِ وَالْهَيْبَةِ وَالْقُدْرَةِ وَالْكَبْرِيَاءِ وَالْجَبْرُوتِ ، سُبْحَانَ  
الْمَلِكِ الْحَيِّ الَّذِي لَا يَمُوتُ ، سُبُّوحٌ قُدُّوسٌ رَبُّنَا وَرَبُّ  
الْمَلَائِكَةِ وَالرُّوحِ ، اَللّٰهُمَّ اَجِرْنَا مِنَ النَّارِ ، يَا مُجِيزُ يَا  
مُجِيزُ يَا مُجِيزُ

SUB-HAANA ZHIL-MULK WAL-MALAKOOT SUB-HAANA  
ZHIL- IZZATI WAL-AZHMATI WAL-HAYBATI WALQUD-RATI  
WAL-KIB-RIYAA-I WAL-JABAROOTI SUB-HAANAL-MALIKIL-  
HAY-YIL-LAZHIE LAA YAMOOTU SUB-BOOHUN QUD-  
DOOSUN RAB-BUNAA WARABBUL –MALAA-IKATI WAR-  
ROOHI ALLAHUMMA AJIR-NAA MINAN-NAAR YAA MUJIERU  
YAA MUJIERU YAA MUJIERU

*Makazukiswe u-Allah, yena ungumnikazi wobukumnkani bonke. Uzuko malube kulowo uhloniphekileyo mkhulu owoyikekayo onamandla nobungangamsha. Makuzukiswe lowo uyikumnkani ephilayo engasokuze isweleke yena ufanelwe ukuzukiswa. Umdali wethu neengelosi kuquka nogabriyeli ungcwele. Owu Allah sisindise esihogweni owu msindisi owu msindisi owu msindisi.*

### **UMTHANDAZO WE-EID**

I-Eid ekhoyo emva kweRamadhaan ibizwa ngokuba yi Eidul- fitr, ukuze leyo ithi ibekhona ngomhla weshumi weZhilhijja ibizwe ngokubayi Eidul-Ad-haa.Umthandazo wezi eid zombini uWajib kwabo bantu iJuma iFardh kubo ,kwaye zonke ezo zinto umthandazo weJuma uxhomekeke kuzo, umthandazo we-Eid nawo uxhomekeke kuzo kodwa umthandazo we-Eid wona awuxhomekekanga kwiKhutba koko Ikhutba iyiSunnat kwi-eid,kwaye yenziwa emva komthandazo endaweni yokuba ibe phambi komthandazo.

### **IISUNNAT NGEMINI YE-EID**

- 1) Ukuvuka ekuseni ngemini ye-Eid.
- 2) Ukusebenzisa imiswaak.
- 3) Ukuhlamba umzimba.

- 4) Ukunxiba impahla entle.
- 5) Ukukama iinwele nokuthambisa amafutha ezinweleni.
- 6) Ukuqaba isiqholo.
- 7) Ukutya idates phambi kokuya kwi-Eidul-Fitr nokuba utye inyama emva kwesalaat kwi-eidul adhaa.
- 8) Ukubhatala isadaqatul-fitr phambi kokuya kwi-Eidgah.
- 9) Ukuya kwi-Eidgah kuseli thuba.
- 10) Ukuya ngenyawo kwi-Eidgah.
- 11) Ukuya kwi-eidgah ngenye indlela ubuye ngenye indlela.
- 12) Ukuthandaza i-eid salaat kwi-Eidgah.
- 13) Ukufunda itakbeer endleleni eyayo nasendleleni ebuyayo, ngelizwi eliphantsi kwi-Eidul fitr ukuze uyifunde ngelizwi eliphezulu kwi-Eidul adhaa.

### TAKBEER YILE ILANDELAYO

اللَّهُ أَكْبَرُ اللَّهُ أَكْبَرُ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَاللَّهُ أَكْبَرُ اللَّهُ أَكْبَرُ  
وَاللَّهُ أَكْبَرُ

ALLAHU AKBAR ALLAHU AKBAR LAA ILAAHA IL-LAL-  
LAAHU WAL-LAAHU AKBAR ALLAHU AKBAR WALIL-  
LAAHIL-HAMD

## **INDLELA YOKUTHANDAZA IMITHANDAZO YEE-EID ZOMBINI**

Umthandazo we-eid uneeRakaat ezimbini, akukho azaan kwaye akukho iqaamat.

Yenza le niyyat ilandelayo ngelithuba ujonge ngaseQibla.

Ndenza le irakaat ezimbini eziWajib ze-eid ezine Takbeer ezintandathu ezongezelekileyo sijonge ngase Qibla. Emva koko uthi Allahu Akbar, usongezandla ezantsi kwenkaba. Funda i-Thanaa. Phakamisa izandla zilungelelane neendlebe, uthi Allahu Akbar wogqiba izandla uziyeke emacaleni. Kwakho phakamisa izandla uthi Allahu Akbar uziyeke emacaleni izandla, okwesithathu uphakamisa izandla uthi Allahu Akbar kwelityeli uyazisonga izandla ezantsi kwenkaba. I-Imaam ifunda u-aoozhu no bismil-laah ngelizwi eliphantsi, iqalise Iqiraat kaSurah faatiha nesurah, kwenziwe iruku nesujood njalo ibe igqibekile iRakaat yokuqala njengesiqhelo. Ekubeni uphakamele irakaat yesibini i-imaam iqala ngokufunda usurah faatiha kulandele enye isura kwakhona kwelityeli abalandeli bathule abafundi nto. Ekubeni i-imaam igqibile ukufunda isurah kwi rakaat yesibini kwakhona ezinye iiTakbeer ezintathu njenge rakaat yokuqala ziyafundwa njengoko bekwenziwe kwirakaat yokuqala, kwiTakbeer yesine ngaphandle kokuphakamisa izandla uya kwiruku. Intsalela yomthandazo igqityezelwa njengeminye imithandazo ekugqibeleni kwenziwe idua.Emva komthandazo i-imaam yenza iikhutba ezimbini ekuyimfuneko ukuba abantu bazimamelisise.

## **TAKBEER TASHREEQ**

Kuyimfuneko kubahlali basedolophini, emaphandleni amadoda okanye abafazi, angabahlali okanye abahambiukuba bayifunde le takbeer kube

kanye ngoko nangokoemva kwemithandazo eFardh, ukususela ngeFajr yomhla wesithoba kwiZulhijjahuyokutsho nge Asr yomhla weshumi elinesithathu kwiZulhijjah. Amadoda kufuneka ayifunde ngelizwi eliphezulu abafazi bona ngelizwi eliphantsi. Ukuba i-imaam ilibele ukufunda le Takbeer abalandeli bayo kufuneka bayikhumbuze ngokuthi bafunde le Takbeer bangalindeli i-imaam.

### AMAGAMA ETAKBEER TASHREEQ

اللَّهُ أَكْبَرُ اللَّهُ أَكْبَرُ لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَاللَّهُ أَكْبَرُ اللَّهُ أَكْبَرُ  
وَاللَّهُ أَكْبَرُ

ALLAHU AKBAR ALLAHU AKBAR LAA ILAAHA ILLAL-  
LAAHU WALLAHU AKBAR ALLAHU AKBAR WALIL-LAAHIL  
HAMD

### UMTHANDAZO NILIBANDLA

Umthandazo ofardh uvumelekile ukuba uwuthandaze wedwa okanye nilibandla. Kodwa kufuneka amadoda azame kakhulu ukuba athandaze elibandla. Ngokoluvo lwezinye i-Ulama ukuthandaza nilibandla emadodeni kuyimfuneko. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange afane aphase ukuthandaza nebandla kuquka nangelo xesha wayegula kakhulu engakwazi ukuzihambela yedwa, wayesiza emasjid encediswa ngabantu ababini khona ukuze azokuthandaza nebandla. KwiHadith kuthiwa umthandazo othandazwe nebandla unomvuzo ophindaphindeke kayi<sup>27</sup> xa uwuthelekisa nomthandazo owuthandaze

wedwa. Hazrat Abu Hurayrah radiallahu anhu uchaza athi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: “Ndinenjongo yokuba ndicele umntu ukuba aqokelele inkuni, emva koko ndiyalele omnye umntu ukuba enze i-azaan ndichonge omnye umntu ukuba akhokele umthandazo, ndakugqiba ndiye kwizindlu zabo bangezanga kuthandaza nebandla ndizitshise.” (*Mishkaat*)

## UMTHANDAZO WOMNGCWABO

Injongo yejanaazah namaaz kukuqinisekisa ukuba amaMuslim akamphosaninsi ugxa wawo nedua eluncedo nasemva kokuba eswelekile, khona ukuze lo mhambi uya kwi- akhirat lo mphako wedua elungileyo uzokumnceda kweli hambo lonzima. Ukudibana kwamakholwa ethethelela lowo uswelekileyo kuzisa inceba ka-Allah kulowo uswelekileyo. Ngokuyinyani ijanaazah namaaz kukungxengxezela ku-Allah lowo uswelekileyo. (*Ibn Majah*)

## INDLELA YOKUTHANDAZA IJANAAZAH NAMAAZ

Umntu oswelekileyo umzimba wakhe ubekwa phambi kwebandla, yona i-imaam ime ngokulungelelene nesifuba somfi. (*Bukhari, Muslim*) Abalandeli bona bema imigca emva kwe-imaam. Iniyyat yenziwa ngolu hlobo ngabantu abasemva kwe-imaam: Ndinenjongo yokwenza le janaazah namaaz njenge dua kulowo uswelekileyo emva kwale imaam.

Phakamisa izandla zilungelelane neendlebe usithi Allahu Akbar usonge izandla ezantsi kwenkaba. Funda iThanaa, Emva koko funda iTakbeer ngaphandle kokuphakamisa izandla wokugqiba funda idurood -e-ebrahiem. Emva koko funda itakbeer okwesithathu ube sele ufunda ledua ilandelayo umfi iyindoda okanye ingumfazi ukuba ngumntu omdala:

اَللّٰهُمَّ اغْفِرْ لِحَيِّنَا وَمَيِّتِنَا وَشَاهِدِنَا وَغَائِبِنَا ، وَصَغِيْرِنَا  
 وَكَبِيْرِنَا ، وَذَكَرِنَا وَاُنْثَانَا ، اَللّٰهُمَّ مَنْ اَحْيَيْتَهُ مِنَّا فَاَحْيِهِ  
 عَلٰى الْاِسْلَامِ ، وَمَنْ تَوَفَّيْتَهُ مِنَّا فَتَوَفَّهُ عَلٰى الْاِيْمَانِ

ALLAHUMMAGH-FIR LIHY-YINAA WAMAY-YITINAA  
 WASHAAHIDINAA WAGHAA-IBANA WASAGHIERINAA  
 WAKABIERINAA WAZAKARINAA WA-UNTHAA-NAA  
 ALLAHUMMA MAN AHYAY-TAHU MIN-NAA FA-AHYIHIE  
 ALAL-ISLAAM WAMAN TAWAF-FAYTAHU MIN-NAA  
 FATAWAF-FAHU ALAL-IEMAAN

*Owu Allah xolela bonke bonke abo baphilayo kuthi nabo baswelekileyo,  
 abo bakhoyo nabo bangekhoyo, abadala nabancinci, amadoda  
 nabafazi. Owu Allah nawuphi na ophilayo kuthi menze aphile ene-islam  
 ukuze abo bazakusweleka ubenze basweleke ne-iemaan.*

**Ukuba umthandazo womngcwabo ngowomntwana oyikwekwe  
 engekafikisi funda le dua ilandelayo:**

اَللّٰهُمَّ اجْعَلْهُ لَنَا فَرَطًا وَّاجْعَلْهُ لَنَا اَجْرًا وَّذُخْرًا وَّاجْعَلْهُ  
 لَنَا شَافِعًا وَّمُشَفَّعًا

ALLAHUMAJ-ALHU LANAA FARATOW WAJ-ALHU LANAA  
 AJ-ROW WAZUKH-ROW WAJ-ALHU LANAA SHAAFI-OW  
 WAMUSHAF-FA-AA



*Owu Allah yenza lo mntwana uyikwekwe abe ngungqaa phambili wokulungileyo wethu, menze umvuzo nomphako wokulungileyo wethu, kwaye umenze umthetheleli wethu yena ukuthethelela kwakhe kuyakuthi kwamnkeleke.*

**Ukuba oswelekileyo ngumntwana oyintombazana ongekafiki  
sifunda le dua ilandelayo:**

اللَّهُمَّ اجْعَلْهَا لَنَا فَرَطًا وَّاجْعَلْهَا لَنَا أَجْرًا وَّذُخْرًا  
وَّاجْعَلْهَا لَنَا شَافِعَةً وَّمُشَفَّعَةً

ALLAHUMMAJ –ALHAA LANAA FARATOW-WAJ-ALHAA  
LANAA AJROW-WAZUKH-ROW-WAJ-ALHAA LANAA SHAAFI-  
ATOW WAMUSHAF-FA-AH

*Owu Allah yenza lo mntwana uyintombazana ungqaa phambili wokulungileyo wethu, menze umvuzo nomphako wasemoyeni wethu kwaye umenze umthethelelikazi ukuthethelela kwakhe kuyakuthi kwamnkeleke.*

Emva koko funda itakbeer okwesine ube sele usenza iSalaam macala. (*Durre-Mukhtaar, Alamgeer*) IDua ethe yafundwa kumthandazo womngcwabo yenzelwa lowo uswelekileyo. Akuyomfuneko ukuba kwenziwe enye idua emva kwayo, kengoko ukwenza idua emva koko kuMakrooh Tahreemi.

## **UMTHANDAZO WOKUNGCWABA ISIDUMBU SINGEKHO**

Akuvumelekanga ukwenza umthandazo womngcwabo isidumbu singekho. Kodwa kuyinto eqinisekisiweyo ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wenza umthandazo womngcwabo ka Najashi iKumnkani yase Topiya. Kodwa eso senzo yayingesosenzo sokuba senzelwe wonke umntu koko sithathwa njengokuba lelinye la manqwanqwa awodwa ayenikwe uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Ngexesha lo Mprofethi sallallahu alayhi wasallam inkitha yamaSahaba yathi yasweleka ezimfazweni nasemadabini kodwa ngaphandle kukaNajashi akukho siqisekiso sokuba waya wathandaza umthandazo womngcwabo umzimba ungekho nakwi Sahabi elinye. Emva koku sweleka kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam akukho namnye kumaKhalifa okanye amaSahaba athi athandaza umthandazo womngcwabo umzimba ungekho. Ziphefumla malunga nomngcwabo kaNajaashi i-Ulama zithi njengom mangaliso yonke imiqobo eyayikho phakathi koMprofethi nomzimba kaNajaashi yasuswa ukuze ke njalo abe wayewubona umzimba kaNajaashi okanye umzimba waye waziswa phambi koRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Kulo meko nokuba yeyiphi eyenzekayo angezi sikwazi ukuthi ngumthandazo womngcwabo umzimba ungekho koko ngumngcwabo wommangaliso.

## **NAFL NAMAAZ**

### **UMTHANDAZO WETAHAJJUD**

Umthandazo weTahajjud ubuncinane ziRakaat ezine okanye iRakaat ezisibhozo ubuninzi ziRakaat ezilishumi elinambini. Ukuba umntu akakwazi nezo zine usenako ukwenza iRakaat ezimbini. (*Raddul-*

*Mukhtaar, Alamgeer*) Ukuba umntu akakwazi ukuvuka ekuthambekeni kobusuku makathandaze iTahajjud emva kwe Eshaa salaam phambi kwe Witr. Lo mthandazo womnkelekile kakhulu ku-Allah kwaye ngowona mthandazo unomvuzo omkhulu ukogqina yonke eminye imithandazo eNafl. (*Mishkaat*) URasoolullah sallallahu alayhi wasallamwathi: Nyanzelisani eziqwini zenu umthandazo we Tahajjud kuba wawusakuba sisenzo sabantu abangaphambili kuni, uliqwili lokusondela ku-Allah kwaye uluncedo ekuzikhwebuleni esonweni, icima izono kwaye ikhupha izifo emzimbeni. (*Suyooti*)

NgeRakaat ezimbini zeTahajjud umntu umvuzo weRakaat ezingamakhulu amabini amawaka nangaphezulu. (*Ibn Hibaan*)

Lo mthetho weTahajjud ukwanjalo nakubafazi kuba nabo bafumana iintsikelelo ezifanayo kunamadoda. (*Mishkaat*)

Kwi Hadith uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inga u-Allah anganenceba kulo mfazi uthi avukele iTahajjud ebusuku kwaye avuse nomyeni wakhe khona ukuze naye azokuthandaza iTahajjud. (*Abu Dawood, Nasaai*)

Abo bashiya omandlalo babo belambile ebusuku ngenxa yokufuna ukukhonza u-Allah bayakulingena izulu ngaphandle kokuxoxiswa. (*Ashaabus Sunan*)

Lowo uye ayokulala ebusuku enenjongo yokuvukela iTahajjud, uyakufumana umvuzo womthandazo weTahajjud nokuba akakwazanga ukuvuka ebusuku athandaze iTahajjud. Oko kungavuki sisenzelelelo esisuka ku-Allah asinika isicaka. (*Ibn Hibaan*)

## ISHRAAQ NAMAAZ

Emva kokuthandaza iFajr salaam hlala phantsi kulo ndawo wenze izikr. Malunga nemizuzu elishumi emva kokuphuma kwelanga yenza iRakaat

ezimbini okanye ezine zomthandazo. Umvuzo awufumanayo ngumvuzo weHajjne-Umrah. Ukuba umntu uthe waxakeka yeminye imisebenzi ebalulekileyo emva kwe Fajr kodwa emva kokuba ilanga liphezulwana athandaze i-Ishraaq namaaz nanjalo kulungile. (*Tirmidhi*)

## CHASHT NAMAAZ

Yakuqina imini thandaza iRakaat ezimbini ubuncinane uyokutsho kwishumi elinambini ubuninzi. Umvuzo walomthandazo mkhulu kakhulu kwaye iluphumelele uvavanyo lokuba namandla okususa indlala. (*Mishkaat-e-Tanweer*)

KwiHadith iyavela ukuba lowo uthi athandaze iRakaat ezimbini zomthandazo weChasht asokuze aqukwe kwabo bangakhathaliyo, lowo uthandaza iRakaat ezine uthatyathwa njengomnye wabanquli. Ngokuthandaza iRakaat ezintandathu zonke iinzango zalo mini ziyasuswa, ukuze lowo uthandaza iRakaat ezisibhozo abhalwe phakathi kwamakholwa, okokugqibela lowo uthandaza iRakaat ezilishumi elinambini uyakuthi akhelwe ipoma lendlu emazulwini. (*Tabraani*)

Ukuba ngenxa yokungabikho kwexesha umntu uthe wathandaza ngokudibeneyo iChasht ne-Ishraaq nanjalo kulungile.

## SUNAN ZAWAAL

Kuyinto ethandekayo ukuba uthandaze iRakaat ezine eziNafl phambi kokuthandaza iiSunnat zomthandazo weZuhr. Eli xesha kulapho iingcango zamazulu zivulwe kakhulu, kwaye umntu ufumana umvuzo wobusuku bonke beTahajjud kwaye wakhelwa ipoma lendlu emazulwini. (*Nasaai, Tabraani*)

## **OWWABEEN NAMAAZ**

Ngumthandazo othandazwa emva kweMaghrib uneRakaat ezine okany ezintandathu uyokutsho kumashumi amabini eRakaat. IHadith ichaza ukuba lowo iRakaat ezintandathu emva kweMaghrib zonke izono zakhe ziyaxolelwa nokuba zilingana namaza aselwandle. (*Tibraani*)

Nawuphi umntu othi athandaze iRakaat ezintandathu emva kweMaghrib ngaphandle kokuba athethe into esisono phakathi kweMaghrib nazo, ezo Rakaat ngokomvuzo ziyakulingana neminyaka elishumi elinambini yokunqula. Lowo uthi athandaze iRakaat ezingamashumi amabini u-Allah uyakumakhela ipoma le ndlu emazulwini. (*Tirmidhi*)

## **TAHIYYATUL WUZU**

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphi umntu othi enze iwuzu entle emva koko eme athandazeiRakaat ezimbini emise ingqondoukufumana izulu kuye kuqinisekisiwe. (*Maraqil Falaah*)

Ngaminazana ithile uRsoolullah sallallahu alayhi wasallam waya wabuza uBilaal radiallahu anhu, “Ndive izingqi zenyawo zakho ejannat zibonakalisa ukuba uphambi kwam leliphi uhlobo lonqulo olukwenze ufumane elo nqanaba?” UHazrat Bilaal radiallahu anhu waphendula wathi: “Zimbini izinto endizenzayo rhoqo, eyokuqala kukuhlala ndine wuzu xa yophukile ndenze enye, okwesibini ngalo lonke ixesha ndisenza iwuzu entsha ndithandaza iRakaat ezimbini eziyiNafl. (*Bukhari, Muslim*)

## **TAHIYYATUL MASJID**

Lo mthandazo uthandazwa ngengentlonipho kwiMasjid kona okuyinyani ibe ikukuhlonipha u-Allah.Xa ungena eMasjid thandaza iRakaat

ezimbini phambi kokuhlala phantsi. Ukuba ngoko nangoko ungena eMasjid uye wathandaza iFardh okanye isunnat lo mthandazo uwuthandazileyo uyakuthabatha indawo yeTahiyyatul Masjid. Umvuzo weTahiyyatulMasjid uyakuwufumana nasekubeni ubungenjongo zokwenza yona. (*Maraaqi-Falaah*)

## TAUBAH NAMAAZ

Ekubeni wenze into ephikisanayo neShariah ukwenza iRakaat ezimbini apho emva kwazo uzithobayo ucele u-Allah ukuba akuxolele. Zisole ngesosono uguqukele ku-Allah, kwaye uthembise kwixa elizayo ukuba akuzophinda usenze eso sono, Ngokwenza oku ngenceba zika-Allah uyakusixolela eso sono.

## NAMAAZ HAAJAT

KwiHadith kuthiwa nawuphina umntu onemfuno ku-Allah okanye komnye umntu kufuneka athandaze lo mthandazo. U-Allah efuna imfuno yakhe iyakuphunyezwa. (*Tirmidhi*)

Wenziwa ngale ndlela ilandelayo: Yenza iwuzu kakuhle emva koko wenze iRakaat ezimbini zomthandazo. Emva kwazo udumisa u-Allah uthumele neDurood shareef ku Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam emva koko ufunde le dua:

لَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ الْحَلِيمُ الْكَرِيمُ ، سُبْحَانَ اللَّهِ رَبِّ الْعَرْشِ  
الْعَظِيمِ ، الْحَمْدُ لِلَّهِ رَبِّ الْعَالَمِينَ ، أَسْأَلُكَ مُوجِبَاتِ

رَحْمَتِكَ ، وَعِزَّتِكَ ، وَالْغَنِيمَةَ مِنْ كُلِّ بَرٍّ  
 وَالسَّلَامَةَ مِنْ كُلِّ إِثْمٍ ، لَا تَدْعُ لِي ذَنْبًا إِلَّا غَفَرْتَهُ ، وَلَا  
 هَمًّا إِلَّا فَرَجْتَهُ ، وَلَا حَاجَةً هِيَ لَكَ رِضًا إِلَّا قَضَيْتَهَا  
 يَا أَرْحَمَ الرَّاحِمِينَ

LAA ILAAHA ILLAL-LAAHUL -HALEEMUL -KAREEM SUB-  
 HAANAL-LAAHI RABBIL-ARSHIL AZHEEM  
 ALAMDULILLAHI RABBIL-AALAMEEN AS-ALUKA  
 MOOJIBAAT I RAHMATIKA WA-AZAA-IMA MAGH FIRATIKA  
 WAL -GHANEEMATA MIN KUL-LI BIR-RI WAS-SALAAMATA  
 MIN-KUL-LI ITH-MI LAA TADA' LIE ZHAM-BAN IL-LAA  
 GHAFAR-TAHU WALAA HAM-MAN IL-LAA FAR-RAJTAHU  
 WALAA HAAJATAN HIYA LAKA RIDAN IL-LAA QADAY-  
 TAHA YAA AR-HAMAR RAAHIMEEN

*Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah onomonde ozukileyo. U-Allah usulungekile. Uumdali wetrone enkulu, udumo lonke malube ku-Allah umdali wezulu nomhlaba. Ndicela ezo zenzo ziza nenceba noxolelo lwakho, kwaye ndicela inzuzo yokulungileyo nokhuseleko ebubini. Nceda ungashiya nasiphi isono sam ngaphandle kokundixolela, nambandezelo ngaphandle kokuba uzisuse okanye nayiphi imfuno ethandekayo kuwe ngaphandle kokuba uzizalisekise, owu wena ungusoncebakubo bonke abanenceba.*  
 (Mishkaat)

## ISTIKHAARA NAMAAZ

Xa umntu enenjongo yokwenza into ebalulekileyo kubalulekile ukuba afune imboniswano namacebiso ku-Allah. Okokufuna imboniswano ibizwa ngokuba yi-Istikhaara. Ukwenza lonto kugxininisiwe kakhulu kwi-Hadith Sharief. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ukungathathi ngecebiso okanye imboniswano ku-Allah lilishwa elikhulu. Xa uzakutshata, uzakuhamba okanye uzakwenza into evumelekileyo, musa ukuyenza ngaphandle kokwenza i-Istikhaara inshAllah ngokwenza njalo asokuze uzisole kulonto uyakuthi ukhethe ukuyenza. (*Raddul-Mukhtaar*)

Indlela yokwenza lo mthandazo kukuba wenza iwuzu entsha uthandaze iRakaat ezimbini eziyinafl emva koko wenze idua ebonisa ukuba unemvakalelo yokufuna ukuboniswa owumawukukhethe:

اللَّهُمَّ خِرْ لِي وَاخْتَرْ لِي وَلَا تَكِلْنِي إِلَىٰ اخْتِيَارِي

ALLAHUMMA KHIR-LIE WAKH-TARLIE WALAA TAKIL-NIE  
ILAA-IKHTI –YAARIE

*Owu Allah ndikhethele kwaye ndigqibele, musa ukundiyekelela ekukhetheni kwam. (Mishkaat)*

Ekubeni umntu enze oko kufuneka alandele ekhondweni intliziyo yakhe ekekelela kulo. Ukuba kuyimfuneko umntu angayiphindaphinda amatyeli asixhenxe.



## SALAATUT-TASBEEH

Kulo mthandazo umntu ufumana umvuzo ongenasiphelo. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wafundisa umalume wakhe uHazrat Abbas radhiallahu anhu lo mthandazo wathi kuye: Ngokuthi wenze lo mthandazo izono zakho zangoku nezexesha elidlulileyo ezitsha nezidala ezincinci nezikhulu ziyakuxolelwa .kwakho watsho wathi: Ukuba uyakwazi ukuthandaza lo mthandazo yonke imihla yenza njalo, ukuba akukwazi ukuwuthandaza yonke imihla, wuthandaze kubekanye evekini, ukuba noko akukwazi wuthandaze kube kanye enyangeni. Ukuba noko akukwazi wuthandaze kube kanye enyakeni, ukuba noko akukwazi ubuncinane kufuneka uwuthandaze kube kanye ebomini bakho. (*Abu Dawood*)

Indlela yokwenza lo mthandazo yile ilandelayo: Yenza i-niyyat yeRakaat ezine zeSalaatut-Tasbeeh, wenze ITakbeer. Funda iThanaa emva kwayo ufunde le Tasbeeh ilandelayo amatyeli alishumi elinesihlanu:

سُبْحَانَ اللَّهِ وَالْحَمْدُ لِلَّهِ وَلَا إِلَهَ إِلَّا اللَّهُ وَاللَّهُ أَكْبَرُ

SUB-HAANAL-LAAHI WAL-HAMDU LIL-LAAHI WALAA  
ILAAHA IL-LAL-LAAHU WAL-LAAHU AKBAR

Emva koko funda u-Aoozu, noBismillah, Alhamdu kunye neSurah, phambi kokuba uye kwiRuku ufunda le Tasbeeh ingentla amatyeli alishumi. KwiRuku emva kokufunda uSubhaan rabbiyal azheem kathathu kwakhona funda leTasbeeh kalishumi. Phakama kwiRuku emva kokufunda Urabbana lakal-hamd funda le Tasbeeh kalishumi (ngelithuba ume kwiQowma). KwiSajda yokuqala funda le Tasbeeh kalishumi emva kokufunda Usubhaana rabbiyyal a'la. KwiJalsa yaphakathi kweesijda kwakhona ifundwa kalishumi. KwiSajda yesibini le Tasbeeh ifundwa kalishumi. KwiRakaat yesibini ekubeni umile nkqofunda le Tasbeeh

kalishumi elinesihlanu emva koko iqalise iQiraat njengesiqhelo. Emva kweQiraat phambi kokugobela iRuku funda le Tasbeeh kalishumi, wenze njalo nakwezinye imigomo elandelayo njengokuba ichaziwe kungekudala. IRakaat yesithathu neyesine yenziwa ngokufanayo ngaphandle kokuba kokukuhlala kweTashah-hud zombini ayifundwa Itasbeeh. Ngale ndlela le Tasbeeh ichaziweyo ifundwa amatyeli ayi 75 kwiRakaat nganye, kumthandazo wonke amatyeli ayi 300. (*Tirmidhi, Alamgeer*)

## ISTISQAA NAMAAZ

Xa kukho imfuneko yamanzi inganethi imvula kuyiSunnat (ghair muakkada) ukuba kucelwe imvula ku-Allah. Okukucela imvula kukodwa kubizwa ngokuba yi-Istisqaa. (*Hidaya*) Ngokoluvo luka Imaam Abu Hanifah rahmatullahi alayhi, akukho ndlela iqingqiweyo yokwenza i-istisqaa. Kuvumelekile ukuba umntu azithandazele okanye bathandaze belibandla, kwaye kuvumelekile nokwenza i-Istighfaar nedua. Zonke ezindlela zintathu zixhaswa yi hadith. (*Mishkaat*) Indlela yokwenza isalaatul istisqaa yile ilandelayo: Onke amaMuslim kufuneka enze iTowba kwaye azalisekise amalungelo angaphunyezswana. Kuthatyathwa abantwana abantu abadala kuquka nezilwanyana, kufuneka bahambe ngokuzithoba bengaxibanga mbetshe mbetshe ukuya ekuphumeni kwedolophu. Akuvumelekanga ukuhamba nabantu abangakhulwayo. Apho bathandaza iRakaat ezimbini belibandla, i-imaam ifunda ikurani ngelizwi eliphezulu ngaphandle kwe-azaan ne – iqaamat. Emva kwezo Rakaat zimbini kufundwa ikhutba ezimbini apho i-imaam nebandla bajonga ngaseQibla benze idua. Kule dua izandla ziyaphakanyiswa ziguqulwe (umphezulu wesandla ujonge phezulu ukuze umphakathi wesandla ujonge ezantsi). Kwenziwa i-istighfaar kucelwe ukuba u-Allah athumele imvula. Ngelithuba iqhuba idua i-imaam iye iyigqwethe ityali yayo umphakathi wayo uba ngaphandle. Lento yenziwa

intsuku ezintathu apho ku mustahab ukuba kuzilwe, kwaye kunikezelwe isadaqa phambi kokuya kwiSalaatul istisqaa. (*Hidaya, Alamgeer*)

## **UMTHANDAZO XA KUKHO UMNAYAMA WELANGA**

Xa kukho umnyama welanga kuyiSunnat ukuthandaza iRakaat ezimbini zomthandazo kwaye kunikezelwe isadaqa. Lo mthandazo uthandazwa nilibandla ngaphandle kwe-azaan ne-Iqaamat. Abantu baye baziswe malunga nalo mthandazo ngezinye indlela ngaphandle kwe-azaan.

## **UMTHANDAZO XA KUKHO UMNAYAMA WENYANGA**

Xa kukho umnyama wenyanga kuyiSunnat ukuthandaza iRakaat ezimbini zomthandazo, kodwa ningelobandla .Ukuthandaza nilibandla lo mthandazo akuyo Sunnat, koko abantu bazithandazela bodwa ezindlini. Akufuneki bahlangane ngenxa yalonto eMasjid.

## **NAMAAZ YOMHAMBHI (MUSAAFIR)**

Umhambi ngokweShariah ngumntu othi aqalise uhambo lwakhe enenjongo zokuhamba umgama omalunga neemayile eziyi 48 (malunga nekhilomitha eziyi77). Nawuphi umntu ohamba ngaphantsi kunalo mgama akathatyathwa njengomhambi ngokweShariah, kengoko imithetho yokuba ungumhambi akayifumani njengomthandazo nezinye. Xa umntu ehamba enenjongo yokuhamba imayile eziyi 48okanye ngaphezulu xa egqitha kwimida yedolophu yakhe uye athatyathwe njengomhambi ngokweShariah. Xa engekagqithi kwimida yedolophu akathatyathwa njengomhambi. Ukuba isitishi sikaloliwe singaphakathi

kwimida yedolophu siyakuthatyathwa njengenxenye yedolophu, kodwa ukuba singaphandle kwemida kwedolophu ngokuthi afike kwimida yedolophu uye athatyathwe njengomhambi ukufika kwakhe esitishini. Umthetho ongundoqo kukuba umhambi kwiZuhr, Asr nakwi Eshaa uthandaza iRakaat ezimbini endaweni yeRakaat yezine. IRakaat ezintathu ze Maghrib neze Witr zihlala zinjalo ngokunjalo iRakaat ezimbini eziFardh zeFajr. Ngalo lonke ixesha uhamba ungenanjongo yakuhlala nakwi yiphi indawo intsuku ezilishumi elinesihlanu okanye ngaphezulu, xa engenanjongo yakuhlala kwindawo ethile uyakuqhubeka ethatyathwa njengomhambi. Kodwa xa ethe wanenjongo yokuhlala kwindawo ethile intsuku ezilishumi elinesihlanu okanye ngaphezulu lo mntu uyayeka ukuba ngumhambi, kengoko yonke imithandazo uyithandaza ngokupheleleyo. Xa iMusaafir (umhambi) efikelela esigqibeni sokuba uzakuhlala iintsuku ezingaphantsi kuneshumi elinesihlanu lo mntu uhlala engumhambi. Ukuba umhambi akaqinisekanga ukuba uzakuhlala intsuku ezilishumi elinesihlanu kusini na, kodwa elibazisa ukuhamba kwakhe kuphele ehlala intsuku ezilishumi elinesihlanu okanye ngaphezulu lonke elixesha uyakuqhubeka ethandaza iQasr (kwiZuhr, Asr ne-Eshaa ukuthandaza irakaat ezimbini). Ukuba umntu usoloko esithi ndiyahamba ngomso okanye kusuku olulandelayo akukhathaliseki nokuba zingaphi intsuku ezigqithileyo kokokuthandabuza kwakhe kufuneka athandaze iQasr ngalo lonke elo xesha. Xa ebuyela ekhaya umhambi xa efika kwimida yedolophu yakhe kufuneka ayithandaze yonke imithandazo yakhe ngokupheleleyo.

## **UMTHANDAZO WOMNTU OGULAYO**

Nokuba umntu uphilile okanye uyagula akuvumelekanga ukuba angathandazi. Ukuba uyakwazi ukuma afunde makenze njalo athandaze. Xa umntu engakwazi ukuma kuvumelekile ukuba ahlale phantsi athandaze. Ngokunjalo iRuku neeSujood zombini nazo angazenza ehleli

phantsi. Xa ehleli phantsi kufuneka agobele iRuku kangangokuba ibunzi lakhe lilungelelane namadolo. Ukuba umntu akakwazi ukuhlala phantsi enze iRuku neSujood, kulo meko kufuneka athandaze engqengqile enze IRuku neSujood ngokubana eqethukisa intloko, kule meko intloko kufuneka iqethuke kakhulu kwiSujood kunakwiRuku. Ukuba umntu akakwazi nokushukumisa intloko khona ukuze athandaze, kwaye ahlale ekulo meko ngaphezulu kunobusuku nemini yabo kulo meko umthandazo uyaxoleleka. Lonto ithetha ukuba ekubeni echachile wafumana amandla akuyomfuneko ukuba ayiphinde lo mithandazo ayiphosileyo, kodwa ukuba le meko iqhubekike injalo imini nobusuku kulunyanzelo ukuba lo mithandazo ayiphosileyo ukuba ayiphinde ekubeni ephilile.

## UMTHANDAZO WE QADHAA

Unqulo xa luthe lwenziwa ngexesha lalo lubizwa ngokuba yi-Adaa, ukuze unqulo olwenziwe ekubeni liphelile ixesha lalo eliqingqiweyo lubizwe ngokuba yiQadhaa. Ukwenza iQadhaa yomthandazo oFardh kuFardh ukuze ukwenza iQadhaa yomthandazo oWajib kube Wajib, kanti nokwenza iQadhaa yezinye iSunnat kuyiSunnat. Apho umntu axolelekileyo ekuthandazeni ukwenza iQadhaa akuyomfuneko. Kusisono esikhulu ukungawuthandazi umthandazo ngexesha lawo eliqingqiweyo uwuyekele ukuba ube yiQadhaa. Kangangoko unako xa uthe umthandazo wayiQadhaa kufuneka ukhawulezise ukwenza iQadhaa, ukuthabatha ixesha kusisono. Ukuba iQadhaa yeFajr ithe yenziwa phambi kweZawaal nayo iSunnat yeFajr yenza iQadhaa yayo, kodwa ukuba yenziwa emva kweZawaal wenza iQadhaa yeFardh yeFajr kuphela. KwiZuhr ne Asr wenza iQadhaa ye Fardh kuphela, ukuze kwiMaghrib iQadhaa yeRakaat ezintathu eziFardh zodwa. Xa usenza iQadhaa ye-Eshaa wenza iQadhaa yeRakaat ezine eziyiFardh kunye neRakaat ezintathu zeWitr. (*Durre-Mukhtaar*) IQadhaa yomthandazo

owuphose useluhambeni uyenza iyiQasr ukuze lowo uwuphose ungekho eluhambeni xa usenza iQadhaa yawo uyithandaza ingumthandazo opheleleyo.

**Iniyyat ye qadha a ngolu hlobo:** Ndinenjongo yokwenza iQadhaa yeFajr okanye iZuhr yosuku oluthile. Nokuba umntu athi ndenza iQadhaa yeZuhr okanye Fajr nanjalo kulungile. Ukuba umntu uneQadhaa ezininzi mhlawumbi zeveki okanye zenyanga kwaye umntu akasakhumbuli ncakasane usuku, yena angenza iniyyat ngoluhlobo: Ndinenjongo yokwenza iQadhaa yokuqala yazo zonke iFajr endaziphosayo okanye zonke iZuhr endaziphosayo njalo njalo.

### **SAAHIB-E-TARTEEB**

Saheeb-e-Tarteeb ngumntu ongazange aphose mthandazo ukususela wathi wafikisa (baaligh), okanye ukuba wathi waphosa ngaphambili kodwa wathi wenza iQadhaa yayo. Kumntu onjalo kuWajib kuyimfuneko ukuba athandaze imithandazo yonke ngokulandelelana. (*Durre-Mukhtaar*) Ithetha ukuba umthandazo uthe wawuphosa, ngelixesha ungekawuthandazi umthandazo we-Adaa awomnkeleki, kodwa ukuba umntu ulibele ukuthandaza iQadhaa okanye ixesha lifutshane kangokuba lo mthandazo wangoku nawo ungagqibela uyiQadhaa nawo, kulo meko qala uthandaze umthandazo wangoku (Adaa), iQadhaa ungayenza emva koko. Umntu onemithandazo emithandathu okanye ngaphezulu, akuyomfuneko kuye ukuba imithandazo yakhe ayiphosileyo ukuba ayithandaze ngokulandelelana. Umntu onjalo angayithandaza imithandazo yakhe yeQadhaa ngelohlobo athanda ngalo. Ukuba umntu uphose iWitr akufuneki ayithandaze iFajr ade abe wenze iWitr ayiphosileyo. Nalapha kuyimfuneko ukulandela iTarteeb.

## **UMAHLUKO PHAKATHI KOMTHANDAZO WAMADODA NAMABHINQA**

Indlela yokuthandaza phakathi kwamadoda namabhinqa iphantse yafana, umahluko okhoyo umbalwa ngulo ulandelayo:

1) Amadoda xa esenza iTakbeer Tahreema kufuneka azikhuphe izandla phantsi kwetyali, bona abafazi izandla bazigcina phantsi kwetyali okanye iBurqa xa besenza iTakbeer Tahreema.

2) Amadoda azisonga ezantsi kwenkaba izandla, kanti abafazi bazibeka esifubeni.

3) KwiQiyaama amadoda abamba isihlahla ngocikicane nobhontsi, ekubeni eminye iminwe yoluliwe engalweni. Abafazi bona akufuneki basibambe isihlahla, koko babeka nje umphakathi wesandla sasekunene emva komphakathi wesandla sasekhohlo.

4) Amadoda kufuneka agobe ngokupheleleyo kwiRuku, umqolo nentloko kufuneka zilungelelane, kodwa bona abafazi bagoba nje ukuba izandla zikwazi ukufika emadolweni.

5) KwiRuku amadoda abamba amadolo ngokuqinisileyo iminwe ithe saa, kodwa abafazi bona babeka nje izandla ezineminwe esondeleleneyo emadolweni.

6) Ingqiniba zamadoda kufuneka zibe kude emacaleni omzimba xa esenza iRuku, kodwa bona abafazi ingqiniba zabo zithi nca emacaleni esisu sabo.

7) KwiSajda amadoda kufuneka isisu nengalo zawo zibekude namathanga kunye namacala omzimba wangasentla, kodwa bona abafazi kufuneka onke la malungu asondelelane.

8) Ingqiniba zamadoda kufuneka ziphakame emhlabeni xa ekwiSajda, kodwa ingalo nengqiniba kubafazi kufuneka bazondlale phantsi.

9) Amadoda kwiSajda kufuneka azigcine inyawo zawo zimile tse, inzwane azimilisele phantsi (zijonge ngaseQibla) kodwa abafazi inyawo azibeka bhaxa inzwane zijonge ngasekunene.

10) Amadoda xa ehleli phantsi inyawo lasekunene alimisa nqo, kwaye ahlale phezu kwenyawu lasekhohlo elondlalile phantsi. Abafazi bona inyawo zombini bayazondlala phantsi inzwane zijonge ngasekunene impundu zibe phantsi.

11) Kubafazi ngalo lonke ixesha bafunda iQuran ngelizwi eliphantsi kodwa amadoda wona ngamanye amaxesha kuWajib ukufunda ngelizwi eliphezulu ngamanye amaxesha ayakhetha phakathi kokufunda kakhulu nokufunda ngelizwi eliphantsi.

## SAYYIDUL-ISTIGHFAAR

Lo mntu ufunda le Istighfaar ilandelayo emini aze asweleke phambi kokungena kobusuku okanye ebusuku aze asweleke phambi kokungena kwemini uthenjiswa ngezulu (jannat). (*Mishkaat*)

أَللَّهُمَّ أَنْتَ رَبِّي لَا إِلَهَ إِلَّا أَنْتَ ، خَلَقْتَنِي وَأَنَا عَبْدُكَ ،  
 وَأَنَا عَلَىٰ عَهْدِكَ وَوَعْدِكَ مَا اسْتَطَعْتُ ، أَعُوذُ بِكَ مِنْ  
 شَرِّ مَا صَنَعْتُ ، أُبُوءُ لَكَ بِنِعْمَتِكَ عَلَيَّ ، وَأُبُوءُ  
 بِذُنُوبِي فَاعْفِرْ لِي فَإِنَّهُ لَا يَغْفِرُ الذُّنُوبَ إِلَّا أَنْتَ



ALLAHUMMA AN-TA RAB-BIE LAA ILAAHA IL-LAA AN-TA  
 KHALAKH-TANIE WA ANA ABDUKA WA-ANA ALAA AH-  
 DIKA WA WA'DIKA MAS-TATA'TU AOOZHU BIKI MIN-  
 SHARRI MAA SANA'TU ABOO-ULAKA BINI'MATIKA ALAY-  
 YA WA-ABOO-U BIZHAM-BIE FAGH-FIRLIE FA-INNAHU  
 LAA YAGHFIRUZH-ZHUNOOBA IL-LAA AN-TA

*Owu Allah wena ungumdali wam, akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kwakho. Undidalile, mna ndisicaka sakho kwaye ndizibophelele kwisibhambathiso nesithembiso nawe kangangoko ndinako. Ndicela undikhusele kububi endibenzileyo, ndiyazivuma izenzelelelo zakho kum kwaye ndiyazivuma izono zam. Kengoko ndicela undixolele kuba ngaphandle kwamathandabuzo akukho namnye oxolela ngaphandle kwakho.*

## QUNOOT-E-NAAZILA

Xa amaMuslim enoloyuko oluvela kwintshaba zawo okanye ehlaselwa zintshaba okanye etshutshiswa okanye kukho intlekele enjenge mbalela okanye ubhubhane kwezo meko zobunzima le dua iyiSunnat iluncedo olukhulu.

**Indlela yokuyifunda:** Emva kweRuku kwiRakaat yesibini yeFajr, i-imaam ima nqo ifunde le dua ilandelayo, qho i-imaam ithabatha ikhefu abalandeli bayo bathi *Aameen* ngelizwi eliphantsi esuka emazantsi entliziyoyabo.

اللَّهُمَّ اغْفِرْ لَنَا ، وَلِلْمُؤْمِنِينَ وَالْمُؤْمِنَاتِ وَالْمُسْلِمِينَ  
 وَالْمُسْلِمَاتِ ، وَأَلْفَ بَيْنَ قُلُوبِهِمْ ، وَأَصْلِحْ ذَاتَ

بَيْنِهِمْ ، وَأَنْصَرُهُمْ عَلَى عَدُوِّكَ وَعَدُوِّهِمْ ، أَللَّهُمَّ الْعَنِ  
 الْكَفْرَةَ الَّذِينَ يَصُدُّونَ عَنْ سَبِيلِكَ ، وَيُكْذِبُونَ رُسُلَكَ  
 ، وَيُقَاتِلُونَ أَوْلِيَاءَكَ ، أَللَّهُمَّ خَالَفْ بَيْنَ كَلِمَتِهِمْ ،  
 وَزَلْزِلْ أَقْدَامَهُمْ ، وَأَنْزِلْ بِهِمْ بَأْسَكَ الَّذِي لَا تَرُدُّهُ عَنِ  
 الْقَوْمِ الْمُجْرِمِينَ

ALLAHUMMAGH-FIR LANAA WALIL-MU'INIENA WAL-  
 MU'MINAATI WAL-MUSLIMIENA WAL-MUSLIMAATI WA-  
 ALLIF BAYNA QULOBIHIM WA-ASLIH ZHAATA BAYNIHIM  
 WAN-SUR –HUM ALAA ADUW-WIKA WA-ADUW-WIHIM  
 .ALLAHUMMA L-ANIL KAFARATAL-LAZHIENA YASUD-  
 DOONA AN SABIELIKA WA YUKAZHIBOONA RUSULAKA  
 WA YUQAATILOONA AW LIYAA-AKA ALLAHUMMA  
 KHAALIF BAYNA KALIMATHIHIM WAZALZIL AQ-  
 DAAMAHUM WA ANZIL BIHIM BA'SAKAL-LAZHIE LA  
 TARUD-DUHOO ANIL-QOWMIL MUJRIMEENA

*Owu Allah sixolele sonke makholwa angamadoda nawo onke  
 amakholwa angabafazi, onke amaMuslim angamadoda nawo onke  
 amamuslim angabafazi, hlanganisa intliziyo zawo. Lungisa imicimbi  
 ewohlukanisayo, uwancedise kwintshaba zakho nakwintshaba zawo.  
 Owu Allah qalekisa abo bahedeni banqanda abantu endleleni yakho  
 kwaye babachasayo abathunywa bakho nabo balwa abahlobo bakho.  
 Owu Allah yenza i-antlukano phakathi kwabo, shukumisa ingcambu  
 zabo, kwaye thoba phezu kwabo esona sohlwayo ongasokuze ubuye*

*ngamva ngaso kwabo bantu batsibe ilitye likaphungela. (Hisnul  
Haseen)*

Ezinye i-Ulama zikholelwa ekubeni endaweni yokufunda iQunoot-e-Naazila kungcono ukuba ufunde ezinye idua ezikwiQuran nakwiHadith ngelizwi eliphantsi emva kwemithandazo emihlanu eFardh yesiqhelo.  
*(Malfoozat)*

**EZINYE ZEEDUA EZILUNCEDO KWAYE EZIYI  
SUNNAH**

**EZINYE IDUAS EZILUNCEDO EZIYISUNNAT IVESI  
YEQURAN:**

لَا إِلَهَ إِلَّا أَنْتَ سُبْحَانَكَ إِنِّي كُنْتُ مِنَ الظَّالِمِينَ

LAA ILAAHA IL-LAA AN-TA SUB-HAANAKA IN-NIE KUN-TU  
MINAZH-ZHAALIMIEN

*Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kwakho, wena  
usulungekile, ngaphandle kwamathandabuzo mna ndingomnye wabo  
bamoshe iziqu zabo.*

Le vesi izisa inzuzo enkulu xa ithe yafundwa ngexesha le ntlekele okanye lobunzima. (A'maal e-Quraani) Idua yomntu ofunda le dua iyomnkelwa ngu-Allah. (Tirmidhi)

**XA UDIBANA NAMANYE AMAMUSLIM**

السَّلَامُ عَلَيْكُمْ وَرَحْمَةُ اللَّهِ وَبَرَكَاتُهُ

ASSALAAMU ALAYKUM WARAHMATULLAHI  
WABARAKAATUHU

*Inga uxolo nenceba neentsikelelo zika-allah zinganawe.*

**XA UPHENDULA UMNTU OKUBULISAYO**

وَعَلَيْكُمْ السَّلَامُ وَرَحْمَةُ اللَّهِ وَبَرَكَاتُهُ

WA ALAYKUMUS-SALAAMU WARAH-MATUL-LAAHI  
WABARAKAATUHU

*Inga uxolo, inceba kunye neetsikelelo zika-Allah zingakuwe nawe.*

**XA NIBAMBANA IZANDLA**

يَغْفِرُ اللَّهُ لَنَا وَلَكُمْ

YAGHFIRULLAHU LANAA WALAKUM

*Inga u-Allah angasixolela kunye nani.*

**XA UBULELA U-ALLAH**

الْحَمْدُ لِلَّهِ تَعَالَى

ALHAMDULILLAHI TA 'ALA

*Iindumiso zonke zezikaAllah tTa'ala.*

**XA UBULELA ABANTU**

جَزَاكُمْ اللهُ تَعَالَى

JAZAAKUMULLAHU TA'ALA

*Inga u-Allah Ta'ala angakuvuza.*

**UKWALA NGENDLELA ENDILISEKILEYO**

بَارَكَ اللهُ

BAARAKALLAHU

*Inga u-Allah angakusikelela*

**UKUCELA UKUKHUSELWA NGU-ALLAH**

مَا شَاءَ اللهُ تَعَالَى

MAA SHAALLAHU TA'ALA

*Nayiphi na into u-Allah ayifunayo*

**XA UBONA INTO EMANGALISAYO**

سُبْحَانَ اللَّهِ

SUB -HAANALLAH

*Usulungekile u-Allah*

**UKUBONISA UBUKHULU BUKA-ALLAH**

اللَّهُ أَكْبَرُ

ALLAHU AKBAR

U-Allah nguye oyena mkhulu

**UKUBONISA UKOYIKA UKUMONA U-ALLAH**

مَعَاذَ اللَّهِ

MA-AA-ZHALLAHU

*Ndicela ukukhuselwa ngu-Allah*

**UKUBONISA UKUZISOLA NOKUXOLISA**

أَسْتَغْفِرُ اللَّهَ

ASTAGH-FIRULLAHA

*Ndicela ukuba u-Allah andixolele*

**XA UZIVA UNOXINIZELELO**

إِنَّا لِلَّهِ وَإِنَّا إِلَيْهِ رَاجِعُونَ

INNAA LILLAAHI WA-INNAA ILAYHI RAAJI-OONA

*Ngokuqinisekileyo singaba ka-Allah kwaye ngokuqinisekileyo  
sizakubuyela kuye*

**XA USIVA UMNTU OTHIMLAYO ESITHI ALHAMDULILLAH**

يَرْحَمُكَ اللَّهُ

YAR-HAMUKALLAH

*Inga u-Allah anganenceba kuwe*



**XA UTHEMBISA UMNTU**

إِنْ شَاءَ اللَّهُ تَعَالَى

INSHALLAH TA'ALA

*Ukuba u-Allah ufuna njalo*

**XA UBULISA UMNTU OKOKUGQIBELA**

فِي أَمَانِ اللَّهِ

FIE AMAANILLAHI

*Iba selukhuselweni luka Allah*

**AMAZWI ENGCEBISO ABALULEKILEYO**

Ukuba nanini na kukho amathandabuzo malunga nemithetho yomthandazo okanye akuwuqondi kakuhle, cela ingcaciso kumntu omdala ekhayeni okanye kwi-imaam yeMasjid yakho. Okanye buza kwi-aalim yenkolo oyaziyo.

# حجتي على الفسلاح

Our Namaaz is a booklet written c.1965 by Hazrat Moulana Muhammed Farouq rahimahullah, the Khalifah of Hazrat Moulana Muhammad Maseehullah Khan rahimahullah.

In it, the virtues and laws of Namaaz (Salaah - prayer) have been compiled in a simple, easy to understand manner. It is ideal for a new Muslim and covers the Kalimahs, purification of body, the Fiqh aspects of Salaah and the method.

All the Surahs and Duas that need to be recited are in Arabic, with the transliteration and translation. There are some short, beneficial Duas included at the end.

The original translation was done by Mufti Siraj Desai from Urdu to English. This translation was rendered into Xhosa by Moulana Muhsin Mbotoli, a graduate of Madressa Taleemuddeen, Isipingo Beach, South Africa.

Khuphela kwi ebook:  
[www.alhidayah.co.za/umthandazo-wethu/](http://www.alhidayah.co.za/umthandazo-wethu/)



Ipapashwe yi  
**AL HIDAYAH CENTRE**  
Eastern Cape



- 041 492 2773
- info@alhidayah.co.za
- 18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth
- 041 492 2773 <https://wa.me/27414922773>
- [www.alhidayah.co.za](http://www.alhidayah.co.za)

